


# UMQONDISO

 Ukufundwa kweLizwi. Ukwenzela inkonzo yokuvala, isizathu sokuba ndinicele niphakame..Xa bedlala i*The Star-Spangled Banner*; niyaphakama. Anenzi njalo? [IBandla lithi, “Ewe.”—Mhl.] Ngoko kutheni ningayenzeli iLizwi likaThixo? Kukuhtonipha. Ngoku ngaphaya kwiNcwadi ye Eksodus, isahluko se-12, ukuqala ngomqolo we-12, ndinqwenela ukufunda ingxenye yeSibhalo, owe-12 kunye nowe-13 umqolo.

*Ndiyakucanda ezweni laseYiphutha ngobu busuku, ndibethe...amazibulo ezweni lase—laseYiphutha, ndithabathele emntwini ndise enkomeni; kwaye... ndenze izigwebo: NdinguYEHOVA.*

*Kwaye igazi elo loba ngumqondiso kuni ezindlini enikuzo; kwaye xa ndibona igazi, ndiyakugqitha kuni, singabikho kuni isibetho esonakalisayo, ekulibetheni kwaM ilizwe laseYiphutha.*

2 Isihloko sam ngu: *UMqondiso*.

3 Masithobiseni iintloko zethu ngoku. Kwaye enzolweni Yakhe yeli lindilisekileyo ithuba, phambi kokusondela kuYe ngomthandazo, ingaba kukhona isicelo ongathanda uThixo asiphendule ngale mvakwemini? Phakamisani nje izandla zenu ukuba wenzile, kwaye ucinge ezantsi entliziyweni yakho oko ufuna Yena akwenze. Naphina esakhiweni, nje cinga ngoko ufuna Yena akwenze.

4 Bawo wethu waseZulwini, Wena ungongaguqukiyo uThixo, kwaye siyathandaza ukuba Uyakuphendula imithandazo yethu, ngale mvakwemini, njengoko—njengoko sibambe izandla zethu. Kwaye Wena uqaphele ukuba izandla zam ziphakanyiswe, nazo. Kwaye isicelo sam, ndiyakusazisa esidlangalaleni, esokuba, Nkosi, okokuba Uyakuphilisa wonke umntu olapha namhlanje, sindisa wonke olahlekileyo. Ngoku, Uthe, “Ukuba ucela uBawo nantoni, eGameni laM, Ndiyakuyenza.” Ngoku, Nkosi, sincece ngokuhlanganayo ukuba sikholwe njengentlanganisela yabantu, yabantwana abakhulwayo. Thetha ngeLizwi Lakho, Nkosi. ILizwi Lakho yiNyaniso. Sikelela iintliziyu zethu.

5 Sibulela Wena ngalo mhlango. Sibulela Wena ngoMzalwana uGrant, nangawo wonke umsebenzi wakhe, nawo onke amabandla nabantu. Nako konke Osenzele kona, Nkosi, sinombulelo kuWe. Bawo, kungabakho abaninzi bethu apha esingasokuze siphinde sibonane kwakhona ngoku, side sibonane ngaphaya kwelinye icala. Lena ingaba yinkonzo yokugqibela esiyakuhlala kunye kulo mhlaba. Wanga uMoya oyiNgcwele ungeza usisikelele ngokuhlanganayo, ulungiselele kuthi izidingo zethu. EGameni likaYesu siyathandaza. Amen.

Ngahlala.

<sup>6</sup> Ndineqweqwe lephepha elincinci apha, ndibhala iZibhalo ezithile nezinto ezincinci. Kwakuqheleke ukuba ndibenokuzikhumbula engqondweni yam, kodwa ndisandula ukugqitha amashumi amabini anesihlanu, niyazi, oko kukuthi, ityeli lesibini. Kwaye ngoko andikhumbuli ngohlobo endandisenza, kwaye amanxeba amaninzi emihlanganweni nezinto, nokuninzi kokwenza.

<sup>7</sup> Umxholo wethu ngale mvakwemini ngu: *Mqondiso*. Umboniso wethu uvuleka eYiphutha. Ngumfanekiso omkhulu apha ngoku, ndifuna nonke niwubone kwaye nizole njengoko ninokuba nakho. IYiphutha yindawo yomboniso, kwaye ilixa lomboniso lisekuqaleni kanye kwemfuduko.

<sup>8</sup> Kwaye, ngoku, luhlobo lwanamhlanje, liboniswa, njengoko sijongene nene imfuduko. UThixo ekhuphela ngaphandle kweYiphutha uSirayeli, emsa kumhlaba wesithembiso, yayiluhlobo lukaKristu ekhupha uMtshakazi ebandleni, emsa kuMhlaba wesithembiso. Sikwenye imfuduko. Ngoku ukuba uyakufundisisa iSibhalo, sinexesha nje lokubetha iindawo eziphezulu yayo, leyo yinyaniso. Siyi...Njengoko uThixo wakhuphela isizwe ngaphandle kwesizwe, uThixo uyakukhuphela uMtshakazi ngaphandle kwebandla. UMtshakazi uyakubizwa akhutshwe kuwo onke amabandla. Iyakuba ngabakhethiweyo bakaThixo, bayakukhutshwa. Kwaye sisencamini yokwenzeka kwaloo mfuduko kanye ngoku, kuba sinaso sonke isiqinisekiso seSibhalo sokuba simi phaya. Ngoku, ndiyazi ukuba oko kutshiwo amatyeli amaninzi, kodwa, mhlobo wam, ngelinye ixesha iyakutshiwo okwexesha lokugqibela. Ixesha liyakunyamalalela kuNaphakade ngoko. Uyeza kuthabatha akhuphele uMtshakazi ngaphandle kwebandla.

<sup>9</sup> Umqondiso yayiyinto eyenza umahluko phakathi kweYiphutha noSirayeli, izizwe ezibini. Bonke yayingabantu, kodwa bonke bedalwe nguThixo, wonke umsebenzi wesandla sikaThixo, kodwa, umahluko xa isigwebo sokufa sabekwayo, umahluko phakathi kobomi nokufa yayingumqondiso.

<sup>10</sup> Kwaye iyakubanjalo ekuzeni koNyana kaThixo, xa esizisa uMtshakazi emkhupha ebandleni, umahluko iyakuba nguMqondiso. Ngoku, phulaphulisisani ngale mvakwemini, kwaye nibone ukuba oko asiyonyani na. Umqondiso uyakuba ngumahluko. Kufanele kubekho umahluko.

<sup>11</sup> UThixo uzakuligweba ihlabathi, ngenye imini. Ukuba ndibuza abantu abangamaKatolika, Uyakugweba bani, Uyakuligweba ngantoni ihlabathi? Bebeyakuthi, "ibandla." Eliphi ibandla? "Ibandla lobuKatolika." Eliphi ibandla lobuKatolika, kukho amaninzi awo? AmaWisile ebeyakuthi, "ngeWisile," amaBhaptizi ngoko angaphandle kuyo. Ngoko, ukuba uyigweba ngebandla lobuBhaptizi, onke aseleyo awo

angaphandle. AmaPentekoste athi, “ngePentekoste,” ngoko abaseleyo babo bangaphandle. Yabona, iyakubayimbidano, enkulu imbidano, ibhidisa kakhulu engqondweni, ukucinga ngento enjalo.

<sup>12</sup> Kodwa uThixo unendlela Athe Uyakugweba ngayo umhlaba, hayi ngebandla lobuKatolika, hayi ngebandla lobuprotectanti. Kodwa Uzakugweba ihlabathi ngoYesu Kristu, kwaye uYesu liLizwi, ke phaya ibuyela emva eBhayibhileni kwakhona. Yabona? Uyakugweba ihlabathi ngeBhayibhile. Kwaye iBhayibhile yiNcwadi kaThixo yokugweba, ntoleyo isisityhilelo esipheleleyo sikaYesu Kristu, sokuba akukho nto engenye enokongezwa okanye nantoni enokususwa kuYo; isohlwayo sokuyenza, sesokuba igama lakho lisuswe eNcwadini yoBomi. Hlala nje eNcwadini, uze uthandaze uThixo asenze inxalenye yoKuya.

<sup>13</sup> Ngoku siyafumanisa, umqondiso, yintoni umqondiso? Umqondiso luphawu lwexabiso elihlawulweyo, yilonto umqondiso. Nje ngeendlela zikaloliwe nemigca yeebhasi zethu, sithatha imali yethu siye esikhululweni. Ngoku, yabona, imigca yeebhasi ayivunyelwa, ezindaweni apho amatikiti asetyenziswayo, abavunyelwa bathathe imali. Abanakuthatha imali, kuthabatha itikiti; yithi, iinqwelo-ntaka, nantoni. Uya ndaweni ithile, indawo yokuthenga, uze uthenge, emalini yakho, amatikiti amaninzi, eli tikiti lithile. Kwaye eli tikiti luphawu lokuba uhambo lwakho luhlawulelwe. Unelungelo lokukhwela inqanawa, ukhwele inqwelo-ntaka, ukhwele ibhasi, okanye nantoni eyiyo, okoko nje unetikiti lokubonisa okokuba ukukhwela kwakho—kwakho kuhlawulelwe. Ngoku khumbula lonto. Sukuyilibala.

<sup>14</sup> Imvana kaSirayeli eyaxhelwayo yayi...yayiyimfuno kaThixo. UYehova wafuna imvana exheliweyo, isibambeli esimsulwa. Njengoko besingenile kuyo kule veki igqithileyo ngoku, okokuba uThixo, xa Esenza isigqibo, zange Asiguqule. Kwaye Wenza indlela, into Yakhe yokuqala Awayenzayo xa umntu wathi wawa, kwafanela Amenzele indlela yokubuyela, ukuba Wakhe wafuna ukumhlangula, kwaye Wenza isigqibo sokuba Wahlangula umntu ngeGazi Lomsulwa. Kwaye wasoloko Esenza into ekwanye. Akazange aguquke. Akukho ndawo uThixo ayakuhlangana kuyo nomnquli, kuphela phantsi kweGazi. Apho kuphela kwendawo Yakhe.

<sup>15</sup> Sizama ukumenza Yena ahlangane phantsi kwemfundo yethu yezakwalizwi, phantsi kwehlelo lwethu, phantsi kweenkqubo zethu yemfundo. Abanye bakhe iinkqaba abanye bakhe izixeko, iBhabheli kunye—kunye nenqaba yaseBhabheli, kunye nazo zonke iintlobo ezahlukileyo zezinto. Kodwa isahleli, uThixo uhlanguka nomnquli onyanisekileyo phantsi kweGazi. Akaze ayiguqule. Asinakho ukuba ngamaWisile sonke, asinakho ukuba ngamaRhabe sonke, asinakho sonke ukuba *koku, okuya,*

okanye *okunye*, asiyikungqinelana. Kodwa xa ndisiza emntwini, makabe ngumpristi wobuKatolika okanye nantoni ayiyo, xa ephantsi kwela Gazi singabazalwana, ndikhathali nokuba uphi, okoko nje ephantsi kwelaGazi.

<sup>16</sup> Ngoku, uSirayeli waxhela imvana eyayifunwa nguYehova, kwaye igazi yayingumqondiso wokuba umsebenzi wawenziwe. UThixo wafuna intlangulo, ukusuka eYiphutha, ukuya kumhlaba wesithembiso, Wayefuna isilwanyana esixheliweyo. Kwaye esasilwanyana kufuneka sibe... Igazi lesilwanyana esifileyo kufanele libekwe phezu komgubasi nasecangweni, kwaye oko kwakumele umqondiso wokuba into athe uYehova wayifuna yayizalisekisiwe. Yabona? Ngoku, hayi imvana yayingumqondiso, igazi lalingumqondiso. Ngoku, ubomi babuphumile ukusuka kwidini, kwaye ngoku igazi lalingumqondiso. Imiyalelo Yakhe yayenziwe. Igazi lalimele umqondiso, uphawu lokuba eli kholwa lalenze kanye oko okwakuyimfuneko. Lowo yayingumqondiso. Kulungile, ukubona ikholwa, linqula, lalisaziwa ngedini lalo. Yabona?

<sup>17</sup> *Apha* yindlu, kwanomnquli, yayiyintoni imfuneko? “Xhela imvana. Kusuku lweshumi elinesine emva kokuba ibekiwe, i—iduna elingenasiphaku, wonke uSirayeli uyakulixhela, kwaye igazi liyakuthatyathwa ngehisopi liqatywe emgubasini womnyango.”

<sup>18</sup> Kwaye, kanjalo, ihisopi yayilukhula nje oluqhelekileyo. *IHisopi* ithetha “ukholo lwakho.” Umntu othile uzama ukuba nokholo olungaphezu kwendalo, naso isizathu uphosana nempiliso yakho. Ukholo yinto nje eqhelekileyo. Unokholo lokuza enkonzweni. Unokholo lokuhamba uphume phaya. Unokholo lokudumisa imoto yakho. Unokholo lokutya idinara yakho. Leyo yindlela eyiyi, nje ukholo oluqhelekileyo. Ngoku ukuqaba igazi, laliqatywa ngehisopi, ntoleyo yayilukhula nje oluqhelekileyo olukhula naphina ePalestina, ibonisa ukuba ukholo ekufanele igazi luqatywe ngalo asiyinto inkulu kakhulu ekufanele ubenazo zonke iintlobo zezidanga zobugqirha zokulenza. Yinto nje eqhelekileyo, ukholo lwemihla yonke, ukukholelwa uThixo. Yabona? “Qaba igazi,” ngokholo, “ngehisopi.”

<sup>19</sup> Ngoku, umnquli, ngoko, ebonwa ngaphantsi kweli gazi, kwabonisa ukuba usenzile isicelo sikaYehova, kwaye wayeqondwa. Umqondiso wabonisa ukuba wayebandakanywe kunye nemvana exheliweyo athe uYehova wayifuna. Umsebenzi wawenziwe. Olunjani ukugqibelela uhlobo namhlanje, lukaKristu nekhohlo. Xa uMqondiso udandalazisiwe kwikhohlo, ngoko Ibonisa ukuba lamkelwe kwaye umsebenzi wenziwe.

<sup>20</sup> Ngoko, igazi lalingumqondiso wokubandakanywa, igazi ngokwalo. Isilwanyana sasophile, safu, kwaye igazi laso

laliseludongeni. Ngoku, ubomi besilwanyana, obabusegazini. Kwaye ubomi busegazini, siyayazi lonto. IBhayibhile itsho njalo, kwaye inzululwazi iyingqinisisile, ubomi busegazini. Ke ngoko xa isilwanyana sasibulawa, kwaye ubomi busophulwa kwisilwanyana, igazi kwakufanele libe lichiza legazi, limele umqondiso. Ngokuba, ubomi obabusegazini babungenakubuyela phezu kwekholwa, ngokuba yayibubomi besilwanyana.

<sup>21</sup> Kwaye ubomi besilwanyana nobomi bomntu bohluke ngokupheleleyo. Ayikho, akukho nto kuso konke konke. Uthabatha, thabatha igazi lesilwanyana ulifake kuwe, uyakufa. Ke uyabona, thina, bu—bubomi obahlukileyo kwigazi lesilwanyana kunokuba bukho egazini lomntu, ngokuba umntu unomphefumlo. Isilwanyana asinamphefumlo.

<sup>22</sup> Kwaye ngoku, ngoko ke, igazi ngokwalo, qonda ngoku, ichiza elibomvu, imichiza yegazi, kufanele ime ngaphandle emnyango, njengomqondiso wokuba imvana ifile, ngoku, ngokuba ubomi bemvana babungenakubuyela kumnquli ongumntu. Kodwa namhlanje . . . Yayingumzekelo nje.

<sup>23</sup> Namhlanje asilochiza leGazi leNkosi uYesu, iMvana yethu, kodwa buBomi obabuseGazini, ntoleyo inguMoya oyiNgcwele. Ibuyela emva kwaye nguMqondiso wokuba samkele kwaye senze ngqo oko uThixo asixelele sikwenze. Kwaye emva koko, ekubeni noMqondiso, sibandakanywe neDini lethu. Ngokugqibeleleyo. Andiboni nayiphi into ngaphezulu ingacaca ngakumbi. Yabona?

<sup>24</sup> Kuphela kwendlela nabani anokuxela ngayo okokuba la ndlu yeyayo, nayo, phantsi kwegazi, ngokuba ichiza legazi laliseminyangweni. Bagqitha, iNgelosi yokufa kwafuneka ijonge ize ibone igazi. Ngoku, kwakhona, yayingumzekelo woMoya oyiNgcwele.

<sup>25</sup> Ngoku, yabona, ubuqu beGazi likaYesu lalingenakuza phezu kwaye ngamnye wethu, ngokuba Wayenelingako kuphela iGazi emzimbeni Wakhe. Kwaye laphalala, laphuma emzimbeni Wakhe, ukuya emhlabeni, amawaka amabini eminyaka eyagqithayo; kodwa lalingenzelwanga ukuba leloMqondiso. UBomi, uBomi obabuseGazini, yayinguMqondiso ngoku. Ndiyakuyingqinisisa kuwe, nje emzuzwini, ngeBhayibhile. NguMqondiso ofanele uze phezu kwethu ngamnye, ukubonisa ukuba sibandakanywe neDini lethu, kwaye sisenzile isicelo sikaYehova.

<sup>26</sup> Wathi uPetros, ngeMini yePentekoste, “Guqukani, nonke ngabanye, nize nibhabetzelwe eGameni likaYesu Kristu ukuze nixolelwe izono, kwaye niyakwamkela isipho soMoya oyiNgcwele. Kuba idinga likuni, nakubantwana benu, nakwabo bakude, nabaninzi eyakuthi iNkosi uThixo ibabize.” Yabona, hayi ukuyibonisa nje kubo. “Nabaninzi eyakuthi iNkosi ibabize.”

<sup>27</sup> Baninzi abacinga ukuba babaziwe. Kodwa bonke ababizwa “yiNkosi”! “Abo Yabaziyo ngexa elingaphambili, Yababiza; bonke Eyababizayo, Yabagwebela; bonke Eyabagwebelayo, Yabazukisa,” into sele yenziwe.

<sup>28</sup> Kwaye emva koko xa uthatha umntu ongakholwayo ukuba uMoya oyiNgewele ungowemini, yabona abakwenzayo? Baphika uMqondiso wona lowo oluphawu lwakho lokuba uqhagamshelene neDini lakho. Yabona endikuthethayo? Ilula kakhulu ukuba unokujonga nje kuyo nge—ngendlela athe uThixo wanayo ibhaliwe ngoku. IGazi liyasithwala kwaye besi . . . ibonisa u—uphawu loMoya oyiNgewele, lokuba buBomi.

<sup>29</sup> Ngoku, ubomi besilwanyana babungenakubuyela emntwini, ngokuba aziyi kunxibelelana, ubomi besilwanyana abunamphefumlo kuso. Ubomi bomntu bunomphefumlo. Isilwanyana asazi ukuba size. Asazi okulungileyo kokungalunganga. Sona, nje sona . . . Sino—sinomoya, kodwa hayi umphefumlo. Ngoku khumbula, ngoku, umphefumlo yimvelo yomoya, kakade.

<sup>30</sup> Ngoku qaphela, kodwa ngoko xa uBomi beDini lethu, uYesu Kristu, xa iGazi Lakhe laphalazwayo. Waye enguThixo, ezele eMntwini omnye. Ngoku, Uyehla ekubeni nguYehova, ukuzazisa Yena njengomntu, ukuthabathela kuYe imo yomntu, ukusibandakanya kunye naYe. Waye eyiMvana kaThixo. Kwaye ngaphakathi kuYe, apho iGazi . . .

<sup>31</sup> Ngoku ndazi mntu othile uthi, “Wayeligazi lobuJuda.” Uva amaJuda esitsho oko. Wayengelogazi lobuJuda, kwaye engelilo negazi leNtlanga. WayeliGazi likaThixo. Wayengenalo nelobuJuda . . . Wayengenguye nomJuda naNtlanga. WayenguThixo. “I—i—intombi iyakumitha.”

<sup>32</sup> Ngoku, ndiyazi abaninzi babantu kuni kunye namaProtestanti acinga ukuba iqanda lalilelikaMariya. Kwaye isibomvisi-gazi esiphumayo, ubomi buza kwiseli yegazi. Ngokuba, isikhukukazi singalibeka iqanda, ngaphandle kokudibana nekunzi yentaka, aliya kuqandusela, ngokuba alichunyiswanga. Ubomi buza busuka kumjelo wegazi, osuka kwinkunzi. Kodwa kulena imeko apho kwakungekho nkunzi, ke, “ubomi egazini,” bufanele buze busuka kuThixo yedwa, kwaye Wadala iseli yeGazi esibelekweni sikaMariya. UThixo ngoKwakhe, uMdali ngoKwakhe, wadala iseli yeGazi. Ngoku jonga. Bathi, “Kuhle, yayingumzimba. UMariya wayeneqanda.” Hayi, mhlekazi. Wayengenjalo; hayi qanda. Ukuba yayiliqanda, akunakufumana mbewu ngaphandle kwemvakalelo. Kwaye ukuba Yena, waba nemvakalelo, umenza ukuba wayesenza ntoni UThixo?

<sup>33</sup> Wadala zombini iqanda neGazi. Oko koko Wayekuko ngqo. “Sambamba uThixo,” itsho iBhayibhile. UTimoti Wokuqala 3:16, “Ngaphandle kwempikiswano inkulu imfihlelo

yentloko buthixo: UThixo wabonakaliswa esenyameni. Sambamba ngezandla zethu.” Laa mzimba yayinguThixo. Ngokuqinisekileyo, yayinguwo. YayinguThixo into yonke, kwimo yomntu.

<sup>34</sup> Ngoku siyaqaphela koku, okokuba la seli yeGazi ekubeni yaphuliwe, yakhupha uThixo. “UThixo waye ekuKristu, exolelanisela kuYe ihlabathi.” Apho, kungekho namnye onokuyenza, kungekho nto yimbi enokwenziwa; yathabatha ela Gazi lingwele, Ngokwakhe. UThixo kwafuneka eze ehle abe ngumntu, ukuva ubunzima kumthetho OngoWakhe. Ukuba uYesu wayengumprofeti nje, umntu owahlukaniswe kuThixo, ngoko uThixo akanabulungisa.

<sup>35</sup> Ukuba ndingathi, “UMzalwana uGrant makafele isono uBilly afanele afele sona, okanye into engenye, isohlwayo esithile,” oko kuyakuba asibobulungisa. Ukuba bendisenza inkwenkwe yam ifele isohlwayo ebendithe ndasibeka, futhi ayikabi bubulungisa. Kukho kuphela ubulungisa obunye endinokubenza, oko kukuthatha indawo yayo, ukuba ndifuna ukuyisindisa.

<sup>36</sup> Kwaye uThixo kwafanela abe yinyama, ukuze athathe indawo yomoni; uThixo wabonakaliswa esenyameni, kungekuko okungaphantsi kuThixo Buqu. Ngoku, apha Yayinguye, ebonakaliswe esenyameni, ukuze athabathe izono zehlabathi. Kwaye Wazibonakalisa Yena kuthi, ukuze sibe nokubonakaliswa kuYe. Yabona ijongo yayo?

<sup>37</sup> Ngoku siyafumanisa ukwaziswa kwethu kwiDini lethu, uBomi beDini kuthi, obunguMoya oyiNgwele. Xa la seli yaphulwayo, yakhupha uThixo, yakhupha uThixo, okokuba Ubangewalisile abantu ngeGazi elileLakhe Yena waza wabeka uThixo emntwini kwakhona. UThixo kuwe, uBomi obunguNaphakade!

<sup>38</sup> Kwaye nasiphina isifundiswa somGrike siyazi ukuba eli gama, Bomi obunguNaphakade, lisuka kwigama Z-o-e, Zoe, othetha “UBomi Bakhe uThixo.” Injalo lonto. Kuphela kwendlela onokuze ube noBomi, kukho uhlobo olunye loBomi obunguNaphakade, kwaye obo buBomi bukaThixo Yena kuwe. Yabona? Emva koko unoBomi obunguNaphakade, ngokuba Yena kuphela koNaphakade okhoyo. Kwaye sizizibonakaliso zeengcinga Zakhe, ngaphambi kokuba kwakhe kwakho nasiseko sehlabathi okanye nantoni. Konke oku kukucinga nje Kwakhe, kwaye sikukubonakaliswa kweengcinga Zakhe koko yayikuko.

<sup>39</sup> Kwaye kwafanela ehle ukuze athabathe asuse isono. Kwakungekho namnye ongomnye onokuyenza. Kwakungekho namnye owayefanelekile ukuyenza. Kwakungekho namnye onokuyenza kuphela Yena, kwaye Wayenza. Kwaze emva koko xa obaBomi baphuma kula mzimba, uMntu, owayenguNyana kaThixo; amandla Akhe okudala enza isakhiwo, njengaye wonke

umakhi, wakha isakhiwo Awangena kuso, Ngokwakhe. UThixo wayenza lonto.

<sup>40</sup> Kwaye emva koko xa oba bomi bathatyathwayo, iGazi, ichiza laLo, laphalalela emhlabeni, nje kanye ngomsulwa u-Abheli laphalala phezu komhlaba. Kodwa ukusuka kwela Gazi kwaphuma uMoya oyiNgewele kaThixo, kwaye oko kwathunyelwa emntwini ngoMhla wePentekoste, ukuze abandakanywe kwelaDini elabafelayo. Akukho ndlela yimbi ehlabathini esinokuyifumana ngayo. UMqondiso onguwo!

<sup>41</sup> Jonga, ukuba wawunetyala lokufa, kwaye usazi ukuba ubusiya kwisitulo sombane. Kwaye khumbula, ukwala . . .

<sup>42</sup> Dallas, mamela! Ukwala iGazi likaYesu Kristu, uMqondiso weGazi Lakhe, ukuba uyalibona Lona kwaye uLale, uzakujongana noMgwebo kunye neGazi Lakhe ezandleni zakho. Moni, lungu lecawa, khumbula oko.

<sup>43</sup> Bekungathini ukuba uLee Oswald ebenakho, kwezontsuku zimbalwa, nokwakubila phambi kwala Nkundla iPhakamileyo okwafuneka ajongane nayo; kwaye esaziwa, ekubulaleni uMongameli, kwakungasayi kubakho nesuntswana lwenceba, indlela enokuba laa ndoda yaziva ngayo! Inokuba yaba kwinto exakileyo. Zange abe nokujongana nayo, ngokuba omnye umfo wamdubula. Kodwa cinga ngokuhlala phaya phambi kweNkundla ePhakamileyo enomsindo, unegazi lomfo wenu esandleni sakho, uMongameli we United States! Leyo iyakuba yinto encinci, kuni bantu abagqithe ngeGazi likaYesu Kristu, xa niyakuma kwiinkundla zikaThixo. Ubile usoma xa usazi. U-Oswald wayengenakwenza ngakumbi kunokuba ashiye obu bomi ngokwakhe, kodwa uThixo umnkisa wena ngoNaphakade ukusuka ebuKhoneni Bakhe. Iyakuba yinto exakayo. Qwalasela.

<sup>44</sup> Ukuba kufuneka uze ezinkundleni, zokuba unetyala, ubuya kufuna elona lingcono igqwetha onokulifumana. Nabani unokuyenza lonto.

<sup>45</sup> Kwaye wonke umntu ozalelwe ehlabathini, andikhathali lelilunge kangakanani ikhaya aphuma kulo, unetyala leGazi likaYesu Kristu ade abe ulamkele uxolelo lwalo. Kwaye kuphela kwendlela onokwazi ukuba uxolelo lungile, xa uMqondiso uZibeka phezu kwakho, kwaye ube nawo uMqondiso.

<sup>46</sup> Qwalasela, unetyala, kwaye uyakuzingela elingcono igqwetha onokulifumana lokuthethelela ityala lakho. Kwaye ukuba bendisiya eMgwebeni kaThixo, andifuni mpristi, andifuni mntu; ndifuna ummeli endinokumfumana onokuthethelela ityala lam.

<sup>47</sup> Mandikutsho oku, kuni, sihlobo sam esingumKristu. Ummeli wethu ukwangumgwebi wethu kananjalo, kwaye owethu—owethu umgwebi waba ngummeli. Ityala ligqityiwe xa sisamkela uxolelo Lwakhe. Umgwebi Ngokwakhe wehla waba ngummeli, kwaye ummeli nomgwebi nguMntu omnye.



UThixo waba ngumntu, ukuze agwebele umntu ngokufa Kwakhe Buqu Awathi wakubeka phezu kwakhe. Haleluya! Oko kuthetha, makadunyiswe uThixo wethu! Ufanelwe ludumo lonke. Umgwebi wethu nommeli wethu nguMntu omnye.

<sup>48</sup> UMoya oyiNgcwele nguMqondiso wokuba sixolelwe. Ityala livaliwe. Kuyo yonke indoda nomfazi othe wamkela ngenene ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, evavanyiwe, ubandakanywe nommeli wakhe, nomgwebi wakhe, nedini lakhe, kwaye uMqondiso uwuphethe kuye ubonisa ukuba uhambo lwakhe oluya eluZukweni luhlalulelwe. Amen. Konke kugqityiwe. Uphethe laMqondiso. Ungowakhe, ubhaptizo loMoya oyiNgcwele, olingqina lovuko lukaYesu. Amen. Ingaba niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Oko kukubandakanywa kwakho, uphethe uMqondiso.

<sup>49</sup> Ngoku ukuba akuwufumananga laMqondiso, akuyi kungena. Kufanele ube noMqondiso. Elo lixabiso elifunekayo, “Xa Ndibona igazi, igazi ngumqondiso. Xa ndibona igazi, ndiyakugqitha phezu kwenu.” Kufuneka ube noMqondiso. Ukuba akunawo, kutheni, ungayi kuya. Kufuneka ube noMqondiso.

<sup>50</sup> Ukuba umqondiso wawungadandalaziswanga, umqondiso wawungabonakaliswanga ezantsi phaya, nkqu nomnqophiso wawungasebenzi. Uthi, “Kuhle, ngoku, Mzalwana uBranham, ngoku linda nje umzuzu.” Injalo ngqo lonto.

<sup>51</sup> Umqondiso wawungaphezulu komnqophiso. Kuba uSirayeli wayenomnqophiso wakuba beluke, kwaye nawuphi umJuda wayenokuphuma aye kubonisa nawuphi umntu, “Ndingakuqinisekisa ndalukile, ndingumJuda, ndaluswe ngokomyalelo kaYehova,” kodwa noko zange kwamkhupha ukuba umqondiso wawungekho phaya nawo. Kufanele adandalazise umqondiso. Niyayifumana? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yena...Umqondiso kufanele ube phaya, nakanjani. Kwaye ukuba ukumnqophiso...Ukuba nawuphi umJuda angathi, “Andizukuqaba gazi emnyangweni wam, ndingakuqinisekisa ukuba ndingumJuda womnqophiso,” iNgelosi yokufa yamfumana. Akukhathaliseki wayethembeke kangakanani, lilungu elingakanani lecawa, uzihlawula kangakanani izishumi, utsho kangakanani ukuba ukholelwa uYehova; uYehova wayefuna laa mqondiso.

<sup>52</sup> Kwaye uyayenza namhlanje, kananjalo. Ifanele. Iyafuneka, “Kuba akukho ndlela yimbi phantsi kweZulu, akukho gama limbi linikiweyo,” akukhathaliseki ulunge kangakanani, uthembeke kangakanani. Laa Mqondiso kufuneka ube phaya, kwaye udandalaziswe.

<sup>53</sup> “Igazi,” uthi, “kuhle, ndibulele imvana kwaye ndilifake efatyni. Ndilibeke emva apha.” Asiyilonto Ayitshiloyo.

Kufanele libe semgubasini nasendaweni yomnyango. Kufanele lidandalaziswe.

54 Kwaye ubomi bakho bufanele budandalazise uMqondiso ukuba ukuwe. Owu, nina maPentekoste, yintoni engalunganga nani? Iinwele ezinqothulweyo, ubuso obuqatyiweyo, amadoda, iziqhulo ezingcolilieyo nezinto, kuphi okwa kudandalaziswa iGazi leNkosi yam uYesu Kristu kunguMqondiso kaMoya oyiNgcwele? Nina, ninokumila kokuhlonela-uthixo, nize nibize “ubugqwirha” nayo yonke engenye, imisebenzi kaThixo, “ubugqwirha.” Niwudandalazisa njani umqondiso?

55 Bathi, “NdingumPente-...” Andikhathali uyintoni. “NdingumBhaptizi. NdingumRha-...” Andikhathali uyintoni. La Mqondiso kufanele ube phaya. UThixo uyaWufuna, kwaye hayi enye into kodwa leya.

56 Uthi, “Kuhle, ndinekagqirha.” Andikhathali zingaphi izidanga onazo. UThixo ufuna laa Mqondiso, kwaye Wona kuphela. Lumphawo lokuba indlela yakho ihlawulelwe. Akazukuthatha mfundo zakho okanye into ethile. Ufanele abe nala Mqondiso.

57 Umqhubi bhasi uthi, “Apha, linda umzuzu, asinguwo umqondiso wam.”

58 Umntu wenqwelo-moya uthi, “Kuhle, phuma phaya ngoku.” Itikiti ngumqondiso. Uphuma phaya uxelele umqhubi nqwelo-moya, “Apha, ndifuna ukungena kwinqwelo-ntaka yakho. Yimalini?”

“Ngena ngaphakathi ufumane umqondiso wakho.”

“Owu, ndiyakukuhlawula.”

59 “Andinakuyithatha. Awuyi kuya kwinqwelo-moya yam ude uyekuhlawula ixabiso ufumane umqondiso. Ndifuna umqondiso.”

Uthi, “Kuhle, ndiyile esikolweni. Ndenze *oku*. Ndi . . .”

60 Andikhathali wenze ntoni, kufuneka ube noMqondiso okanye akuyifumani. Amen no Amen. Akuyiboni? UThixo ufuna laa Mqondiso. “Xa Ndibona igazi, kwaye kuphela ndiyakugqitha xa ndibona umqondiso.”

61 Wawungadandalaziswanga, umqophiso wawungasebenzi kwa ukusebenza. UmJuda wayenokutsho ngokupheleleyo kwaye abonakalise ukuba ungo—ungowalukileyo umJuda, wayenokuthatha abazalwana phandle athi, “Jonga pha, ndalukile.” Oko kwakungathethi nenye into.

62 Uthi, “NdingumWisile. NdingumBhaptizi. NdingumPentekoste. Ndikoku. Ndikokuya.” Oko akuthethi nenye into.

63 Unyanzelekile ukuba ube noMqondiso. Kwaye xa uMqondiso ufika, Ungqina ngoKristu. Uthe Uyakwenza. Kwaye uKristu

liLizwi. Kwaye ungathini ukuphika ukuba iBhayibhile yinyani, inxenye yaYo, uze futhi ube usithi unoMqondiso, ngelixa uMqondiso ububungqina ngoYesu Kristu? Yabona, nako apho ndimangaliswa khona.

<sup>64</sup> “Owu,” uthi, “Andikholwa, ndiyakholwa imihla yemimangaliso...” Owu, jonga, akukho Mqondiso phaya. UMqondiso uvumelana nalo lonke iLizwi ngo “amen,” yonke into, kuba nguThixo ngoKwawo. Yabona? Kulungile.

<sup>65</sup> Kodwa ukuba umqondiso wawungekho phaya, umnqophiso wawungasebenzi. Wawubhangisiwe. Into enye nangoku! Akukhathaliseki utsho kangakanani—kangakanani, ubunokutsho kangakanani, “Ndikholelwa lonke iLizwi eBhayibhileni,” uthi, “Mzalwana uBranham, ndi—ndingakucaphulela isiqingatha sala Bhayibhile, yonke iBhayibhile, ngentliziyo. Ndikholelwa lonke isuntswana laYo.” Kulungile oko. USathana uyakwenza, naye. Uh-huh. Kuthabatha uMqondiso!

<sup>66</sup> “Kuhle, Mzalwana uBranham, ndinodonga lwam luzele zizidanga. NdisisiDanga soBugqi, kwaye ndinesidanga sobugqirha, nesobu LLD. kwiLatin. Kwaye, owu, ndibhale iincwadi. Ndenze oku. Ndenze yonke into. Nde—ndenze zonke ezi zinto.” Andikhathali. Kulungile konke oko, kodwa noko kufanele ube noMqondiso. UMqondiso, futhi uMqondiso usafuneka!

<sup>67</sup> Uthi, “Ndingumfundi weBhayibhile. Ndi—ndingumntu olungileyo. Ndikoku, okuya.” Oko kungaba kokulungileyo, kungabe kulungile konke, kodwa kufanele kube noMqondiso!

<sup>68</sup> Ngoku, ukufa kwakulungele ukuntlitha iYiphutha nangaliphi ixesha, kwaye kunjalo nokufa kulungele ukuntlitha isizwe ngoku nangaliphi ixesha.

<sup>69</sup> Anna Jeanne, ndiva into ethile njengotata wakho, ephawule ngelinye ixesha. Ndibe ndisoloko ndikuthanda okuya. Wathi, “Niyazi, esi sizwe, kunye nezono zaso, ukuba uThixo uvumela iMelika ukuba isinde koko ikwenzayo, Uyakunyanzeleka ngokusesikweni ukuba avuse iSodom neGomora aze axolise kuzo, ngokuzitshisa.” Kwaye oko kunjalo.

<sup>70</sup> Khumbula, uSirayeli wahlawula ngaso sonke isono awasenzayo, kwaye kuyakubanjalo nakuthi. Siba ngabangalawulekiyo njani? Qinisa isikrweqe! Buyala kuThixo, bandla! Hayi ukutsho ezi zinto ukuze ndahluke. Ndinixelela njengesilumkiso. Niyakholwa!

<sup>71</sup> Ukufa kwakulungele ukuntlitha. UThixo wayebabonisile ubabalo Lwakhe nenceba Yakhe, ngawo amandla nemiqondiso nemimangaliso (Wenze njalo nanamhlanje ngaphambi kokuthabatha iBandla alikhuphe), futhi basanqwenela ukungaguquki nokungakholelwa umyalezo.

<sup>72</sup> Yabona, kwakukho umyalezo nje phambi kokuba kukhutshelwe ngaphandle ibandla. Kusoloko kufanele kubenjalo. Into ekwanye nangoku. Sonke isenzeko sikamoya ngumqondiso osuka kuThixo. Uyayikholelwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] NjengoMyalezo, kubakho umqondiso emva koko uMyalezo ulandele umqondiso. UThixo waxelela uMoses, wathi, “Ukuba abayi kulikholelwa izwi lowokuqala umqondiso, mhlawumbi bayakulikholelwa izwi lowesibini umqondiso.”

<sup>73</sup> Ngoku, xa ubona imiqondiso iqhubeka, kwaye kungekho myalezo emva kwawo, isesisikolo nje esidala semfundo yenkolo kwaye ezantsi, oko kwakungasuki kuThixo. Kodwa apho kukho umqondiso ubonakalisiwe, uMyalezo uyawulandela. Ngoku jonga. UYesu uza embonakalweni. . .

<sup>74</sup> Ingaba ndiyaningxolela? Okanye nabani okulomboko apha, ivakala ingathi ibuyela emva. Mhlawumbi inengxolwana. Ndifuna niyifumane.

<sup>75</sup> Xa uYesu weza embonakalisweni, zange Atsho okuninzi ebantwini, wonke ubani wayeMfunela ecaweni yakhe. “Owu, loMprofeti mncinci, sivuya kakhulu nje ukuba naYe.” Wayephilisa abagulayo. “Owu, uzuko kuThixo. UThixo uvuse iNdoda enkulu phakathi kwethu.” Kwakulungile oko. Ke ngenye imini yafika kwindawo apho. . . Lowo yayingumqondiso Wakhe.

<sup>76</sup> U-Isaya 35 wathi iyakuba ngumqondiso. “Isiqhwala siyakutsiba njengexhama,” nanjalo njalo, “imfama iyakubona.” Yayingumqondiso.

<sup>77</sup> Wadandalazisa umqondiso Wakhe njengoMesiya, nanjalo njalo. Kwaye bona, abaninzi babo, bathi, “Ewe, ndingahamba nokuya.” Kuhle, ngoku, ukuba oko kwakungumqondiso, kwakufanele kubekho izwi lalamqondiso. Yayiyintoni izwi emva kwawo? Xa Waqalisa ukufundisa imfundiso Yakhe waza wababiza imfumba yeenyoka engceni. Wayengadumanga ukusukela ngoko, yabona, xa izwi leza nomqondiso. Umqondiso waphuma kuqala.

<sup>78</sup> UMoses wehla waya eYiphutha kunye nomqondiso. Waze walahla phantsi intonga yakhe, yajika yaba yinyoka. Lowo yayingumqondiso. Kodwa emva kwethuba, izwi leza nomqondiso. Emva koko kwakwahlukile. Yabona, abayifuni lanto. I—izwi, kufanele, lilandele umqondiso. Kwaye akukho xesha limbi owawunokuza ngalo kuphela ela xesha, ngokuba yayilixesha lokuzaliseka kweZibhalo. Jonga Awamxelela kona, kwityholo elivuthayo, “Ndizibonile izincwino ndaziva zona ezabantu baM, ndabona ukuxhwaleka kwabo ngabuqhubi babo amaYiphutha, kwaye Ndisikhumbule isithembiso saM Endasenzayo no-Abraham.” Amakhulu amane eminyaka ayegqithile, kwaye Wamxelela u-Abraham bayakuba sezantsi

phaya. Yabona, akukho xesha limbi enokuba lilo. UMoses kwafuneka eze nje ngela xesha.

<sup>79</sup> Ixesha elikhulu likaThixo libetha kakuhle. Alisokuze libe ngumzuzu omnye ekukhawulezeni okanye umzuzu omnye ngasemva. Liyakuba kanye sexesheni ngokuchanekileyo. Kulungile, ke, niyabona, yonke into yayibaleka nje kakuhle, ingenakuza ngamanye amaxesha.

<sup>80</sup> Nkqu nazo ezi zinto bezingenakuza ngamanye amaxesha. Oku bekungenakuza ngexesha likaLuther. Ibingenakuza ngemihla kaWesley. Imihla yamaBhaptizi okanye amaWisile, kwimihla yawo, ibingenakuza. Ifanele ize ngoku. USirayeli kufanele abe sisizwe. Amabandla afanele abe njengohlobo alilo ngoku. Kufanele kubekho umyalezo wesithathu, isigaba sesithathu sebandla. Kufanele kubekho iLawodike. Ibingenakwenzeka ide iPentekoste ize ihlohle eyayo, iphume ize ibe ngumbutho, kwaye yenza oko yakwenzayo. Emva koko ifanele ize, emva koko kuze iNkosi, xa baMkhuphela ngaphandle kwebandla. UliLizwi.

<sup>81</sup> Bayoyika ukucela umngeni ela Lizwi naphina. Bathi cwaka kakhulu malunga naLo, kodwa noko bayaxambula ngalo.

<sup>82</sup> Chicago, apha kungekudala, xa iNkosi yandinika umbono. Ndandimakhulu amathathu abalungiseleli ezantsi phaya. Ndathi, “Ngoku ndiyazi into eni. . . Malunga nembewu yenyoka, nanjalo njalo,” Ndathi, “omnye wenu makathathe iBhayibhile aze eme ecaleni kwam aze ayiphikise.” Elona gquba lakhe lathi cwaka owakhe waliva. Ndathi, “Ngoko sukani emva kwam.” Yabona, ingaphandle kwesikolo sabo sokucinga.

<sup>83</sup> Noko, bathi, “Umzalwana uBranham ngumprofeti xa ethanjisiwe, kodwa xa intambiso imkile kuye, owu, andazi.” Intoni. . . ukuba oko asilophawu lwayo i—i—i—imfundo yenkolo ephixeneyo! Eyona. . .

<sup>84</sup> Igama *umprofeti* lithetha “umtyhili Lizwi oNgcwele.” iLizwi leNkosi liza kubaprofeti. Leyo yindlela uYesu owaqondakaliswa ngayo. Kwaye bathi emva kovuko, bathi, “Siyazi ukuba wayengumprofeti kaThixo, yabona, akukho mntu onokuzenza ezi zinto ngaphandle kokuba uThixo unaye,” emva koko babengayi kuwamkela umyalezo Wakhe. Babengayi kumamkela uYohane, kwaye wayengumprofeti. Bengenakumamkela u-Eliya, namnye kubo bonke babo, kwaye babenesityhilelo esiNgcwele.

<sup>85</sup> Igama, igama lesiNgesi, *mprofeti*, kumagama esiNgesi lingathetha nantoni, lithetha “umshumayeli.” Kodwa xa usithi *mprofethi*, weBhayibhile endala, lithetha “imboni.” Kwaye izakhono zakhe, zezokuba, athe wakuxela kuyazaliseka, kwaye lowo yayingumqondiso wokuba ungumprofeti; yena kananjalo wayengumqondiso wokuba unesityhilelo esiNgcwele seLizwi

elibhaliweyo. Kwaye emva koko uThixo uyalingqinela lona, emva kwakhe, aliqinisekise.

<sup>86</sup> Njani? Kulungile, ifanele ibe yile ndlela, kuko konke. Akukho ndlela yokuyiphepha. UThixo uthe iyakuba yila ndlela, kwaye nantso ke. Kodwa nantso namhlanje, yabona, laa Mqondiso kufanele ube phaya, obonakalisa ela Lizwi kwaye ulenze libe yinyaniso ngenene. Ngoko indlela Athembise ngayo, indlela Alungiselele bonke abantu Bakhe belizwe elithenjisiweyo, ngoku, xa Wayezakuba nale mfuduko, ntoleyo yayingumzekelo.

<sup>87</sup> Ngoku ndizakuzama ukuphuma malunga nelinye ishumi elinesihlanu, imizuzu engashumi amabini, kunye noMyalezo. Qwalaselisisa ngoku, ndifuna nina nikufumane oku, kuba ndingangaze ndinibone kwakhona, yabona.

Qwalasela, ngoku qaphela indlela Awabalungiselela ngayo abantu Bakhe.

<sup>88</sup> Bangaphi abaziyo ukuba akazange Waguqula iindlela Zakhe? Zange. [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Yena...ngoku jonga ngeBhayibhile uze ubone ukuba zange Ayiguqule. Hayi, mhlekazi.

<sup>89</sup> Wabalungiselela njani abantu Yena? Kuqala, Wathumela umprofeti kunye nomqondiso, owayenguMoses. Ingaba injalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Kwaye umqondiso waba nomyalezo, umyalezo wo “ukulungela,” babephuma besiya kumhlaba owawuthenjisiwe. Emva koko wayenokwaziswa, kwalomprofeti, okokuba uKukhanya kwakuphezu kwakhe. INTsika yoMlilo yalandela lo mprofeti, siyayazi lonto, yahamba ngentlango noMoses. Siyakuqonda oko. Kwaye emva koko Wabanika umqondiso wesiqinisekiso sokuba abafanele boyike, bacaphuke kwaye baphakuzele; apho Wathi, “Xa Ndibona laa mqondiso, Ndiyakugqitha phezu kwenu.”

<sup>90</sup> Jonga indlela Enze ngayo ngoku. Walungiselela kuqala umqondiso, umthunywa, oqondakalisiweyo umyalezo, ukuqondakaliswa komthunywa, nomqondiso ukuqinisekisa ukuba indlela yayihlawulwe. Baya kumhlaba wesithembiso.

<sup>91</sup> Into ekwanye Ayenzileyo namhlanje! Wenze ntoni Yena? Wasithumela uMoya oyiNgcwele. UMoya oyiNgcwele nguMthunywa, kwaye ukuqondakaliswa Kwakhe ngokweSibhalo kumqondakalisa ephakathi kwethu, okwanguye izolo, namhlanje, naphakade. Kwaye uMqondiso sisiqinisekiso. Yontoni esiyoyikayo? Uhambo lwethu seluhlawulwe kwaye sibandakanyiwe neDini lethu. Akanakugxotha. Uyithembisile lonto. Sibandakanyiwe.

<sup>92</sup> USirayeli ephuma eYiphutha, njengoko nditshilo, ifana no—noMtshakazi ephuma ebandleni. Xa uMoses waqala ulungiselelo lwakhe, uSirayeli wonke wahlangana eGoshen, ukwenzela umthandazo nonqulo, ngokuchanekileyo, bephuma kuzo zonke

iinkalo zeYiphutha. Leyo yindlela uMthakazi ayakwenza ngayo, uyakuphuma kuzo zonke iinkalo zoBunye, buBini, buThathu, nazo zonke ezinye iintlobo. Uyakuphuma. Ufanele. Ngoku siyafunda apha kumaHebhere i. . .Siyazi, into yokuqala emasicinge ngayo, phuma kuzo zonke iinkalo, “Phumani phakathi kokungakholwa.” Ngoku uMoya oyiNgcwele uthembisile ukubiza oko kwimihla yokugqibela, “Phumani phakathi kwabangakholwayo.” Qwalasela.

<sup>93</sup> Siyafumanisa kumaHebhere 10:26, ndinayo ibhalwe apha phantsi, itsho oku, “Ukuba sona ngabomi emveni kokuba sakwamkela ukuyazi iNyaniso, akukho dini limbi lesono,” yabona, ukuba awukholwa ngabom.

<sup>94</sup> Ngoku ukuba niyakuqwalasela, ndingathini apha, ukuba ningandipha ixesha de ndenze la ngcaciso. Bendinokuyiva eMoyeni, andigqithanga kakuhle. Yabona? Qwalasela.

<sup>95</sup> Nanga amaHebhere, asendleleni yawo ephumayo. UThixo wakhetha ishumi elinesibini lamadoda, okanye uMoses wenza, ngesandla sikaThixo, ukuya ngaphaya ayokuhlola umhlaba; baze babuya, baza kunye nomqondiso womhlaba. Kwaye xa bafikayo phaya, ishumi labo babesoyikela ukufa. “Kutheni,” bathi, “wona ama-Amaleki phezulu phaya, sikhangeleka njengemicikwana kuwo.” UYoshuwa noKhalebhu babuya, bebaphathele ubungqina, “Singayenza!”

<sup>96</sup> Niyabona, lawo ngamakholwa asemdeni. Aphumela kwezi zinto zahlukileyo, nakwibandla, nokuzixokomezela ebandleni, nobhaptizo neentlobo. Kodwa xa ifika kanye phezulu ekuweleleni ngaphaya ukuya kufumana uMqondiso, ubungqina bokuba uMhlaba uphaya, oba Bomi. . . UYesu Kristu akafanga. Ngomnye ummango. Uhlala kuwo. Ukunye nathi, ngoku Ukuthi. Xa ifika kokuya, “aha,” babengenakukholelwa kokuya. Kwakubaxekile, niyabona. Kwaye bayabuya, kwaye bona, ngamnye kubo, bafela entlango, akukho namnye kubo owawelela ngaphaya. Kwaye, yabona, ukuba asikholwa, thina maWisile, Bhaptizi, Rhabe!

<sup>97</sup> Ndiyathemba umfundisi wam omdala uhleli apha namhlanje. UGqirha Roy E. Davis, abaninzi benu bayamazi, kanye apha eFort Worth, unokuba uhleli apha. Ndiyakhumbula sazixoxa ezi zinto, emininzi, emininzi imnyaka egqithileyo. Wandibhaptizela enkolweni, ibandla iMissionary Bhaptizi.

<sup>98</sup> Kwaye jonga, apha, ngoku, ukuba si. . .ukuba—ukuba sifika kula mda womhlaba, sithi, “Kulungile, uzuko kuThixo, ndithethe ngeelwimi, haleluya.” Asikuko. Ukuba ungathi, ungakholwa naliphi lela Lizwi, kukho into ingalunganga namava akho. Yabona?

<sup>99</sup> Uza kanye eMhlabeni ubone uphaya. Uyabona ukuba uYesu uvukile. Uphakathi kwethu. Uva iLizwi elilandela umyalezo, kwaye futhi ungaLikholelwa, uyazi okwenzakayo? Emva koko

bafa kanye entlango. “Ukuba sithi sone ngabomi emveni kokuba sakwamkela ukuyazi iNyaniso, akusasele dini ngenxa yesono.” Yilonto iNcwadi yamaHebhere isixelelayo.

<sup>100</sup> Kwaye ngoku qaphela, njengoko sibona imiqondiso emikhulu yokuphela kwexesha emhlabeni, athe Wayithembisa, ikangakanani ukubankulu ukusilumkisa ukuba ixesha lisondele. Suka ekungakholweni. Hlanganani. Kufanele sithandane omnye nomnye kwaye sikhholwe, size sizahlule ehlabathini.

<sup>101</sup> Qwalasela, babengafanele bahlangane nje baze bathethe malunga nomyalezo. Babefanele bangene kuwo, bangene phantsi kwegazi. Hayi baze bathi, “Uyazi, uMoses usixelele. Umthunywa, wathi, usixelele ukuba sifanele sibe negazi. Nicinga ntoni malunga nalo, makhwenkwe?” Yayingeyiyo. Bulala imvana, uze ubeke igazi phaya!

<sup>102</sup> Singeza sihlale sivumelane ngeLizwi, nayo yonke into engenye, kodwa singenawo uMqondiso, yintoni elungileyo esenzela yona? Ayilunganga. Ngena phantsi kwaWo. Wayengenaxanduva lwakhe nabanina ongekho ngaphantsi kwela gazi. Kwaye Akanaxanduva ngaye nabani, namhlanje, ongekho ngaphantsi koMqondiso.

<sup>103</sup> Usapho lonke, lukhuseleke kuphela xa lwaluphantsi komqondiso, kwaye umqondiso wawuveziwe ekuhlени. Usapho lonke! Niyakukholelwa oko? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Namhlanje kufanele sikukhumbule oko, bantu. Abantwana bethu!

<sup>104</sup> Kwaye aba basafikisayo bobuvuvu nerock-and-roll, nezinto esingena kuzo, nabo bonke aba apha ooQongqothwana nezinambuzane, kwaye ungaba uyazi ukuba konke kumelwe apha eNcwadini, yeBhayibhile? Itsho oko kwiSityhilelo. Ngokuqinisekileyo, iyekwenza. Indlela abantu, bona, bona ba—bona ba...bona, bona, yabona, bona, bona abayiyo... Bona bafile. Abanakuvuka. Zange babe nguNaphakade. Babengekho naseNgcingeni, ke bayakutshabalala. Bayakuphela ngonaphakade, bayakutshatyalaliswa ngokupheleleyo. Bayakohlwaywa amaxesha angapha kwezigidi, ngoko bakwenzileyo, kodwa nantoni enesiqalo inesiphelo.

<sup>105</sup> Koko okungenasiqalo, akunasiphelo. Kukho kuphela uhlobo olunye loBomi obunguNaphakade. Uhlobo olunye loBomi obunguNaphakade, sixunelo oko. Qwalasela.

<sup>106</sup> UYoshuwa, isahluko se-2 sikaYoshuwa, elakholwayo ihenyu leNtlanga lalivile, kunye nosapho lwalo, laza labazisa phantsi kwentambo ebomvu, ntoleyo yayingumqondiso osuka kubathunywa bakaYoshuwa. INgelosi kaThixo etshabalalisayo yawuhlonipha lamqondiso, kwaye okuya kuphela, kwesa sixeko. Nantso imfuno kaThixo, ngabakhonzi Bakhe, okokuba uThixo wayefuna lo mqondiso, kwaye yayikukuphela kwawo.



Andikhathali ukuba yayingusodoluphu wesixeko, ukuba yayiyeyona ndoda ingcwele esixekweni, ukuba baya kweyona cawa inkulu esixekweni, yonke into esixekweni yawa kuphela landlu. UThixo, yedwa, wawuhlonipha la mqondiso.

<sup>107</sup> Qwalasela, iYeriko yayivile ukuba uThixo wayesenza izinto ezinkulu, kodwa zange bahoye isilumkiso.

<sup>108</sup> Ke banjalo abantu namhlanje ukuva oko uThixo ebekwenza kwiminyaka embalwa egqithileyo, kodwa abayi kuyihoya. La mandla makhulu encebisa nemiqondiso, njengoko Athembisileyo, “njengoko kwabanjalo ngemihla yeSodom, kuyakubanjalo.” Indlela Athembise ngayo ukuba lanto iyakubanjalo! Qaphela okwenzekileyo eSodom. Khumbula, kwakukho umqondiso weSodom. Kodwa umthunywa, kaMalaki 4, ku “kubuyisela iintliziyi zabantu emva kooyise, ooyise bepentekoste, ukubuyisela eBhayibhileni.” Akunakubakho Bhayibhile yimbi, into eyenye. Esi sisityhilelo esipheleleyo sikaThixo.

<sup>109</sup> Kwaye othile wathi, “Kuhle, ndiyayikholelwa lendawo, andazi malunga noKuya.”

<sup>110</sup> Umthunywa wenene kaThixo ukujikela emva kwiNto yonke! Yabona? Qwalasela, yilonto uMoya oyiNgcwele oyenzayo, ukubuyisela kulo lonke iLizwi likaThixo.

<sup>111</sup> Incebisa Yakhe ibe ibonakalisiwe, umgwebo Wakhe wawulandela. Kwakufanele bakholelwe ukuba babekhuselekile kweziya zinkulu izakhiwo zobuhlelo ababenazo phaya eYeriko, kodwa bafumanisa ukuba zazingasebenzi.

<sup>112</sup> Kufanele kwabakho ethile ye...mhlawumbi bangena phaya ngandlela ithile, kwakukho iqaqobana lamakhwenkwe angena phaya, aze akuxelela ukuba aqokelele yonke imbewu eyamiselwa ngexa elingaphambili. Kwaye ukuba wafumana... kwaye wasebenzisa indlu yakhe ukwenzela ibandla, waza wamnkela abathunywa; waza wafaka bonke esixekweni sakhe, ababiyakukholelwa, phantsi komqondiso.

<sup>113</sup> Omnye umfazi kweliya likhulu iqela! Omnye omncinci umfazi, nako konke ukuduma kakubi kwakhe, mhlawumbi ekwayiwe kulo lonke ibandla esixekweni, kodwa wamkholelwa la mthunywa. Kwaye la mthunywa washiya umqondiso, umqondiso, kwaye uThixo wawuhlonipha umqondiso. Kunjalo nanamhlanje. Khumbula nje, xa umtshabalalisi womsindo kaThixo owezayo, la nkqubo inkulu yawa, umqondiso wagcina indlu yakhe ikhuselekile. Hayi kuba wayengumfazi olungileyo; kuba wayenokholo kwaye wasebenzisa umqondiso.

<sup>114</sup> Ngoku kwakunokuthini ukuba wathi, “Ehe, wona yayingamadoda alungileyo, ndiwonwabele kakhulu umyalezo abawunikezileyo. Kodwa, inyani, ivakala ngahlobo luthile sileyo ukuba nelagqesha lijinga ngaphandle kwefestile yam. Ndiyakulitsalela ngaphakathi nje.” Ngeyayiwile. Ngeyayiwile.

UThixo uhlonipha kuphela umqondiso, nto enye nomqondiso wobomi eYiphutha.

<sup>115</sup> UYoshuwa wayengumzekelo kaYesu, ngokuba *uYoshuwa* uthetha “Yehova-msindisi.” Wayengumzekelo kaYesu, wayenyanisekile kuphawu lomqondiso womthunywa wakhe awawushumayelayo. UYoshuwa wahlala enyanisekile kolaphawu lomqondiso. Bonke phantsi kwawo basindiswa, eYiphutha. Bonke ababephantsi kwawo basindiswa, eYeriko.

<sup>116</sup> IGazi leMvana ngumzekelo namhlanje woMqondiso, wokuba uMoya oyiNgcwele nguMqondiso wanamhlanje. Bonke abaphantsi kwaWo bakhuselekile. Bonke abangaphandle kuWo abakhuselekanga. KumaHebhere 13:10 nama-20, Ubizwa “umnqophiso wanaphakade.” Umnqophiso omdala yayiyenye into, lona ngoMtsha, lona “ngumnqophiso wanaphakade.”

<sup>117</sup> UThixo, iGazi likaThixo elibophelele izithembiso, zisenza sikhululeke esonweni nosizi, kwaye sahluka kwihlabathi lonke. Akunyanzelekanga ukuba unxibe ngokwahlukileyo; nabanina anganxiba ngokwahlukileyo. Kufanele ube, kwingaphakathi, ngowahlukileyo. UBomi bungaphakathi; hayi isinxibo, ukunxiba. “UbuKumkani bukaThixo asiyonyama nokusela, okanye izihombo; kodwa kukuzeka kade umsindo, ubulungisa, ukuthozama, umonde, kuMoya oyiNgcwele.”

<sup>118</sup> Ngoku, izithembiso ziyakhulula esonweni, kubonisa ukuba uThixo aka—akasisigqalanga isono sakho. UDavide uthi, “Inoyolo indoda eThixo ongayi kuyibeka sono.” Kwaye uThixo akasokuze abeke sono phezu kwala Mqondiso, ngokuba uMqondiso luphawu oluhlululweyo lokuba uThixo selemkele. Kwaye unomqondiso wayo, ixaxa- . . . ukholo lwakho luyithengile. Kwaye unalo ixabiso lokuthenga intlangulo yakho emzimbeni wakho, ukuze umnqophiso Yena kwaye uveze izithembiso Zakhe namandla.

<sup>119</sup> *ITestamente Entsha* ithetha “umnqophiso omtsha.” *IGazi* lithetha “Bomi.” *ITestamente Entsha* yitestamente enguMoya oyiNgcwele, uMoya oyiNgcwele onika ubungqina bokuba uYesu Kristu wavuka kwabafuleyo, wabonisa uYesu ukuba uzalisekise yonke imfuneko ngathi, kwaye uyaphila namhlanje. UMqondiso uqondakalisa ukuba Uyaphila ukuzazisa Yena kunye nathi, ngokwesithembiso Sakhe. Ngoku ingathini indoda ukufunda iBhayibhile ize ibone ukuba Ukuthembisile oko, ibone uKristu ebuyela kwezi ntsuku zokugqibela kwimo kaMoya oyiNgcwele kwaye ezazisa Yena ephila? Lowo nguMqondiso. Lowo ngumnqondiso. Elo lixabiso lihlawuliwe.

<sup>120</sup> Ungakhe, ungaze uthembele kwimizwa ethile. “Ndive okubandayo kubaleka emqolo. Kwaye—kwaye ndi—ndijojise okuthile; ndabona igazi ezandleni zam, okanye i-oli ethile. Okanye—okanye, ndiphumelele iSidanga sam seBachelor. Okanye, ndingqungqwe kuMoya. Ndakhwaza. Ndathetha

ngeelwimi.” Zona izinto zingalunga. Andinanto ichaseneyo nazo, kodwa oko asikuko endithetha malunga nako.

<sup>121</sup> Ndithetha malunga nokwaziswa koMqondiso, uYesu Kristu, evusiwe kwaye ekuthi ngoku, ezazisa Yena, ukuphinda ukungqinela iLizwi Lakhe elithenjisiweyo lwalo mhla. Amen. Ngoko wena noKristu nibanye. UThixo noKristu banye. “Ngaloo mini, niyakwazi ukuba Ndikuye uBawo, uBawo ukuM; Ndikuni, kwaye nani nikuM.” Phaya nguThixo ebonakalisiwe enyameni yomntu, ezibonisa Yena ephila, emva kwamawaka amabini eminyaka. Lowo nguMqondiso.

<sup>122</sup> Ukuba anikho ngaphakathi, ngenani ngokukhawuleza kakhulu, zihlobo. Ingaba ngokwethuba elide kube semva kwexesha. Asazi.

<sup>123</sup> Bonisa ubuKhona Bakhe, iTestamente Entsha, iGazi. Kwaye Iyaphila ngoku, isenza ubungqina. Kwaye ngokuba Ekho, sinelungelo lwako konke Awasithengela kona. Indoda enobhaptizo loMoya oyiNgewele, okanye umfazi onobhaptizo loMoya oyiNgewele, unelungelo kuyo yonke into athe uYesu wasithengela yona, kuba elo luphawo lokuba sinayo. Lawo ngamandla okuthenga.

<sup>124</sup> Uthi umzekelo, “Kuhle, Mzalwana uBranham, uthetha ukuthini?”

<sup>125</sup> Apha, yenze icace ngoku, kwaye ndifuna nina bantu abagulayo nikufumane oku. Jonga, ukuba bendilambele ukufa, kwaye ndisazi ukuba ilofu yesonka, yithi, ibiza isiqingathana, kuze kuze umzalwana athi, “Nasi isiqingathana, Mzalwana uBranham. Uyalamba; thatha esi siqingathana.” Ngoku, uyazi, ndingavuya nje nesosiqingathana esandleni sam njengoko ndinokwenza ngesonka esandleni sam, ngokuba ndinexabiso lokuthenga. Ndinomqondiso ofumana isonka. Kwaye kanye phaya sisonka; kwaye kuphela kwento, ndiphethe umqondiso, isiqingathana esithenga isonka, ndingavuya nje njengoko ndinomqondiso njengokuba ndinokwenza ngesonka.

<sup>126</sup> Ngoku, ukuba unobhaptizo loMoya oyiNgewele, lowo nguMqondiso wokuba unayo yonke into ehlangulweyo athe uYesu wayifela, yeyakho, isesandleni sakho. Uyoyika ukuyibanga?

<sup>127</sup> Ukuba ndiyifaka esingxotyeni sam, ndithi, “Kuhle, andazi nokuba ndingasithenga esa sonka okanye hayi,” ndiyakulamba ndide ndife. Kodwa khumbula, umthengisi uthi, “Ndinemfuneko enye, Mnu. Branham. Amashumi amabini anesihlanu esenti kuphela, ungayifumana ilofu yesonka.” Ndiyifumene! Amen. Kugqityiwe.

<sup>128</sup> Eso sisizathu singaboni izinto ezininzi zisenzeka namhlanje, uMqondiso awudandalaziswanga, uMqondiso wenene. Owu, sinazo zonke iintlobo zemigunyathi, kodwa ndithetha uMqondiso wenene.

<sup>129</sup> Jonga, ngoko xa siqonda size siveze uMqondiso, uBomi obathatyathwayo ngenxa yoMqondiso, iGazi liyasithethela. Khumbulani, umnqophiso weGazi wawuqondwa ngoMqondiso, kwaye iLizwi liyasiqinisekisa ngesithembiso. UMqondiso luphawo lokuba sithengelwe.

<sup>130</sup> Ngoku, ukuba akubandakanywanga kokuya, ke, kakade, akuyi kufumana nto; uyakuhamba nje kumgca wokuthandazelwa, uhamba ubuyela emva; uhamba usiya esiguqweni, ujonge phezulu, uhamba ubuyela emva.

<sup>131</sup> Kodwa, owu, mzalwana, xa laMqondiso uthe wabekwa kwakanye kweyakho—kweyakho—kweyakho intliziyo, kwaye usazi ukuba luvuko lukaYesu Kristu kuwe, into ethile iyenzeka. Akukho nto izakujika. Uyazi apho ungowakhona. Intobeko ephelelelyo eLizwini lonke likaThixo iyakugunyazisa kuMqondiso, kwaye akukho nto yimbi. “Unoyolo lowo oyenzayo yonke iMiyalelo Yakhe, angaba nelungelo eMthini woBomi.”

<sup>132</sup> Emva koko, xa sithandaza, kufuneka sibe noMqondiso esiwuzisayo kunye nemithandazo yethu. Ngoku ungasileli ukukufumana okuya. Xa uthandaza, kufuneka ube noMqondiso wokuwubamba phezu komthandazo wakho; ukuba akwenzanga njalo, qhubeka uthandaza de uMqondiso uze, kuba akuthenjiswa ukuba uwuzuze. Yabona, kufuneka ube naloMqondiso kuqala; elo lixabiso elihlawulayo, ukholo lwakho lokuyikholelwa.

<sup>133</sup> Ngoku, uphawo lwentobeko epheleleyo. Uloyiko lumkile. UPawulos uyasixelela ukuba, “iGazi lithetha izinto ezingcono.”

Uthi, “iGazi liyathetha?” Ehe, iGazi liyathetha.

<sup>134</sup> KwiGenesis 4:10, siyafumanisa ukuba uThixo watsho ukuba—ukuba elikaKayin...okanye, “iGazi lika Abheli lathetha lisuka emhlabeni.” Siyafumanisa kumaHebhere 12, ukuba, “iGazi lomnqophiso kaKristu lithetha izinto ezingcono kunelo lika Abheli.” Yabona? Siyafumanisa, iGazi liyathetha, Liyakuthethela. UBomi obukuwe buthetha busuka kwiGazi eliphalaziweyo. Amen. Owu, mzalwana! Ndingwenela wonke ubani angakubona oko. Yabona? Ukuba ungabona iyintoni, buBomi obukuwe. Yabona, ela Gazi likubandakanya kunye nalo. NgumMqondiso. I. . . Into eyiyo, iGazi laphalazelwa wena; uyamkele, kwaye uBomi buze bungene kuwe. UnoMqondiso, lowo nguMoya oyiNgewele.

<sup>135</sup> Ngoko xa sithandaza, kufuneka sibenoMqondiso okufuneka uwuveze nomthandazo wakho, njengoko nditshilo, kwaye ngoku sikholelwe ukwenzela iziqu zethu size siqabe uMqondiso kusapho lonke, njengaseYiphutha, Yeriko, okanye naphi kwiZenzo 16:31. Siyafumanisa ukuba uPawulos waxelela umthetheli khulu womRoma, wathi, “Kholwa wena, kwaye yonke indlu yakho iyakusindiswa.” Wuqabe Wona elusatsheni lwakho. Ukuba unomntwana ongasindiswanga, beka uMqondiso

phezu kwakhe, uthi, “Nkosi Thixo, ndiyambanga.” Hlala kanye phaya. Ukuba unomama okanye omthandayo olahlekileyo, beka laMqondiso kubo, uthi, “Nkosi Thixo, ndiyayibanga.”

<sup>136</sup> Khuphela ngaphandle, yonke inkunkuma yehlabathi, ngaphandle endlwini yakho, zilungiselele Wona. Tshisa ooshoti bakho. Lahlela ngaphandle itafile zakho zamakhasi. Hlukana nemidiza yakho. Lahla ukungakholwa kwakho namaphepha ecawa kumgqomo wenkunkuma, apho zifanele zibe khona. Amen. Emva koko uyalungela. Ngoko wenze ntoni? Emva koko qaba uMqondiso emthandazweni, ngobungqina benene, ukholo lwenene. Wuqabe Wona, wuqabe Wona ngokuzithemba. Xa uwuqaba uMqondiso, yazi ukuba ucocekile. “Ukuba iintliziyo zethu asisisigwebi, ngoko sinaso isicelo sethu.”

<sup>137</sup> Okoko nje nina bantu nisenza ezo zinto zingalunganga, uzakumcela njani uThixo ukuba akwenzele nantoni ngelixa waziyo akulungisanga? Eso sisizathu sigxadazelela phambili sigxadazelele emva. Andikutsho oku ukuvisa kabuhlungu. Ndikutsho oku ukolula, ukwenza izinto zilunge. Uzakuwakha njani phezu kwamabhodlo aseSodom naseGomora? Buja!

<sup>138</sup> Iindibaniselwano nabalungiseleli bayeke abantu benze nantoni, baze basinde, bafake nje amagama abo encwadini bababize *le*, *leya*, kunye *nenye*, ngelixa ilihlazo. Kwaye ibenjalo ukuze ukholo libe yinto engakhange nkqu...khange nkqu bazi kunqabe kakhulu kwa nkqu nento eliyiyi. Bona, bona banethemba, kodwa hayi ukholo.

<sup>139</sup> Kufuneka ubuyele emva, kuyo, yonke into iyahlolwa icocwe. Emva koko thatha uMqondiso wakho, wokuba uyazi ukuba nguYesu Kristu kuwe, emva koko wuqabe Wona. Ukuba okuthile akwenzeki, kukho into engalunganga; buyela emva kwakhona, ufumana into engalunganga esandleni sakho. Wayithembisa. WayenguLowo wayithembisayo. Wuqabe Wona. Funda ama-Efese 2:12, ngelinye ixesha, ukuba uyafuna, kwaye uyakufumanisa khona phaya.

<sup>140</sup> Qwalasela kumaHebhere 9:11, ngokunjalo. UPawulos wathi, “Ukukhonza uThixo ophilayo, ngezihlabo eziphilayo.” Hayi nje ukutsho njengokuba ndiyanyuka nje ngomHebhere eqhele ukwenza, athathe idini lakhe, aze ehle aye ngendlela, kunye netyebileyo inkunzi yenkomo, aze abeke izandla zakhe phezu kwayo aze azazise, aphilaze igazi, abuyele emva egwetyelwe. UYehova uyifunile. Uyenzile. Ngoko isizukulwana esilandelayo, mhlawumbi siba nokubanda okuncinci; ubani ongomnye, sibe nokubanda okuncinci. Into yokuqala oyaziyo, iba sisithethe sosapho.

<sup>141</sup> Yilonto ipentekoste ibeyiyo kuthi, isithethe sosapho. Siyehla, sithi, “Ingaba lamboniso kamabonwakude ubungemhlanga kakuhle kakhulu ngobubusuku? Ingaba benze ntoni ezantsi ecaweni? Nkosi Yesu, philisa...” Owu, inceba! Yabona?

Sesosapho isithe-... “Uyazi, ndathetha ngeelwimi ngomnye umhla. Ndingowoku, okanye *okuya*, uyazi. Uh-huh.” Owu, sisithethe sosapho!

<sup>142</sup> Uyazi yintoni awayithethayo uThixo? Wathi uThixo, “Amanqatha enu neenkunzi zeegusha ayanuka ezimpumlweni zam. Injalo lonto, iminikelo yenu iyanuka.”

<sup>143</sup> Kwaye ibe njalo iminikelo yamaPentekoste, nayo yonke imisiko yethu yobuhlelo nokuqhubeka, kwaye abafazi bethu namadoda esenza ngendlela enza ngayo, isimo sokuhlonela uthixo; enza umculo, aze othile axhuma-xhume ithutyana; kwaye kugqityiwe, njengenkonkxa yamanzi ilahlwe kuwo, ukuba iLizwi likaThixo liyeza litsho into. Yintoni ingxaki? Iminikelo yenu iqalisa ukunuka phambi koYehova.

<sup>144</sup> Kwaye yayileloxesha awathi u-Isaya weza embonakalweni, wabaxelela, “Ndiyakuninika umqondiso waphakade, intombi iyakumitha.” Yabona, nako apho ukhoyo. Hayi iintlobo ezifileyo neemvumo-nkolo, hayi; kodwa izihlabo eziphilayo, uThixo ophilayo ovuswe ekufeni, nophila phakathi kwethu.

<sup>145</sup> Abanye babo, la mabandla anjena, akholelwa ezi zinto, ayaphika ukuba kukho into enje ngoMqondiso. Kuhle, umfo wazama ukundixelela, “Kuphela lishumi elinambini labapostile elamkela uMoya oyiNgcwele. Kuko konke okwakukho. Ehe.” Owu!

<sup>146</sup> Kodwa thina bakholelwa iLizwi, sazi hlukileyo, siyazi ukuba oku buBukhona obuphilayo. Ingaba sazi njani ukuba buBukhona bukaKristu, uMoya ophakathi kwethu? Wenza into ekwanye Ayenzayo. Obo bubungqina bayo. Umdiliya waziwa ngesiqhamo osithwalayo. Kwaye ngoko ukuba la mdiliya wokuqala wavela baza babhala iNcwadi yeZenzo emva kwawo, nento ekwanye athe uYesu wayenza, abapostile bayenza; ngoko xa lamdiliya uvela kwakhona, wenza into ekwanye. Yabona, amaHebhere 13:8 athi Ukwanguye, owu, bethu, ibonakalisa ukuba uThixo umvusele thina Yena, ngokwesithembiso seLizwi Lakhe. [Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

<sup>147</sup> Itywina lesithembiso! Ama-Efese 4:30 athi, “Ningamenzi buhlungu uMoya oyiNgcwele kaThixo, enathi natywinelwa kuwo kude kube yimini yokuhlangulwa kwenu.” Hayi de kube yimvuselelo elandelayo. “Kude kube yimini yokuhlangulwa kwenu!” Ukubhaptizelwa kuWo, ngokwamaKorinte Okuqala 12. Kwaye kuYe yinzaliseko, kungekho sono siqondwayo kuYe. “Lowo uzelwe nguThixo, akasenzi isono. Imbewu kaThixo ihleli kuye, kwaye akanakona.” Angathini, xa uMqondiso uphaya? UMqondiso luphawo lokuba wamkelwe.

<sup>148</sup> Kwaye, ke, uthi, “Ndiyona.” Kulungile, ngoko akuzange ube nawo uMqondiso. Yabona?

<sup>149</sup> UMqondiso sisithinteli, sibonisa ukuba ixabiso lihlawulwe. Ukuba uSathana uzama ukuyizisa kuwe...Cinga nje ngoku.

Ukuba uSathana uzama ukukunika ukugula okuthile, okanye uzama ukukunika into ethile, uyazi omawukwenze? Mbonise uMqondiso wakho. Ngokuqinisekileyo, isigula siyamntlitha umKristu. Mbonise uMqondiso wakho, kwaye ubonise kuye ukuba uyimveliso kaThixo ethengiweyo. “Mchase umtyholi, kwaye uyakubaleka emke kuwe.” Bamba uMqondiso phezu kolungagungqiyo ukholo lwakho kwiLizwi Lakhe elithenjisiweyo.

<sup>150</sup> UThixo wakhe wanikeza ngophawu lomnyama ukwenzela umqondiso. Ndiyavala. Wanikeza uphawu lomnyama ukwenzela umqondiso. Ndina malunga nemizuzu elishumi kuphela, emva koko ndibe nomgca wokuthandazela. Wasoloko ehleli enyanisekile kula mqondiso. Wabanjalo? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Uyayenza futhi. Onke lamawaka eminyaka, Akazange nakanye, ngaxesha linye, wasilela ukuwuvulisa. Wayenyanisekile kulamqondiso, esibonisa ukuba Wasoloko . . . kwaye akasokuze asilele ukuhlonipha imiqondiso Yakhe. Andikhathali ukuba i . . .

<sup>151</sup> Ukuba uYesu akezi ishumi lamawaka eminyaka, unawo uMqondiso, Usafanele awuhloniphe Wona. Akukhathaliseki zingaphi izinto eziguqakayo, nantoni, Ufanele awuhloniphe laa Mqondiso. Uthe Uyakuwuhlonipha. Kulungile. Usilindele ukuba ngoku sidandalazise uMqondiso Wakhe, phezu kwesilini kwe nguThixo ukholo, kulo lonke unqulo-mntu olungakholwayo esizweni nasehlabathini, elukholelwa imiqondiso nezimanga azilandeli abakholwayo. Kwaye enyaniseke kulo Mqondiso, kwaye Ubonisa ukuba uhambo luhlawulelwe kwaye samkelwe ukuze sivuke, sinoBomi boMqondiso ngaphakathi kwethu.

<sup>152</sup> Lowo nguMyalezo onqunqayo, kodwa yiNyaniso. Yilonto esiyidingayo, yiNyaniso. UThixo makasincede siyazi iNyaniso. “Niyakuyazi iNyaniso, kwaye iNyaniso iyakunikhulula.” Ndiyabanga ukuba uYesu Kristu isenguye izolo, namhlanje, naphakade. Ndiyakholelwa ukuba uThixo unikeza ngoMoya oyiNgcwele njengoMqondiso, kanye ngoku, nje phambi kwemfunduko, yo—yoMtshakazi uphumela ngaphandle ebandleni.

<sup>153</sup> Ndikholelwa kukho obuninzi ubuvuvu, nabantu abathi bakhwaza, bathetha ngeelwimi. Ndiyakholelwa kwezo zinto; kodwa akunakuxhomekeka koko. Ungathini ukuxhomekeka koko, uze emva koko uliphike iLizwi? Yabona?

<sup>154</sup> UMqondiso liLizwi libonakalisiwe kuwe, Liziphila. Lowo nguThixo Engozitolikelayo. Akudingeki uthi, “Ke, ngoku, tolika ulwimi lwam.” Asikuko oko. Utolika ubomi bakho ngeLizwi. Xa Ethatha ilizwi lakho, into oyiyo, kwaye esazisa iLizwi Lakhe ngokuya, okuya akudingi lutoliko, sele luphaya. UThixo Uyazitolikela, kwaye sibenazo ezi zithembiso zalo mhla.

155 Owu, Dallas, nina gquba elithandakayo lamaKristu, sanukukhukuliswa yilento namhlanje, eniyibona ijikeleza, kuba izakutshabalala. Dlala laMqondiso maxa onke, bonisa laMqondiso. Funda iBhayibhile yakho. Nyukela ngasentla kwinto yonke. Kwaye ukuba umoya wakho ngaphakathi kuwe awuthi “amen” kokuYa, ngoko kungcono ubuyele emva, guqula oko unako, ngenxa yoMqondiso; akunawo Wona.

156 Ndiyazi ukuba kokuninzi oko ukukuthetha apha ngemva kwemini enye. Kwaye kanye ngoku licala leyesine. Lixesha ngoku, kwaye ukuba singaphuma ngentsimbi yesihlanu nomgca wokuthandazela.

157 Niyakholwa ukuba uYesu Kristu uyaphila kwaye uyalawula namhlanje? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Niyakholwa oko ndinixelele kona yiNyaniso? [“Amen.”] NguMqondiso, imfuneko. Ndinganakho nje ukuthetha oko kuyiNyaniso. Ndithetha kuphela oko ndikubonayo, oko ndikuvayo, oko kutyhiliweyo kum. Kwaye kutheni ndikutsho oko; amaxesha angamawaka alishumi aphindwe ngamawaka alishumi, akukho naxesha linye eyakhe yasilela ekubeni yinyaniso. Ngoku oko kufanele ibe nguThixo. Oko kufanele ibe nguThixo. Kuhle, ingaba uThixo uyakunikeza ulungiselelo olunjeya kothile ongayaziyo into athetha malunga nayo? [“Hayi.”] Ingaba Uyakuzazisa Yena njengalaa mboni phaya, aze emva koko aguquke amnike eliphixeneyo iLizwi? [“Hayi.”] Umfo oLiphikayo, ngulowo ophixeneyo. Kwaye uThixo akaphixananga. UThixo Ungozitolikelayo.

158 Yamkela uMqondiso! Sukuphumla ekuzixokomezeleni nakweliphi ibandla okanye iintlobo, okanye nantoni. Fumana uMqondiso! Ubambe Wona. Kuphela kwento ayakuyiqaphela uThixo. Xa usihla usiya kula yure, xa kufikwa ekufeni kwakho, kungcono ubambe laa Mqondiso phezu kwakho; usazi ukuba kumhla wokufika Kwakhe, olwa vuko, ndingawuveza laa Mqondiso. Ayisokuze ibe kulomzimba, ubolile; kodwa kulo Moya, oko akunakufa, buBomi obunguNaphakade, uMqondiso uphumla phaya. Kwaye Uthembisile, “Ndiyakumvusa kwakhona kumhla wokugqibela.”

159 Laa Yesu Kristu umnye ulapha. UnguMthunywa. Ungu...Apha nguMyalezo, kwaye Yena unguMthunywa apha ukwazisa uMyalezo Wakhe. AndingoMthunywa. Yena nguMthunywa, kwaye Lona nguMyalezo. Kwaye ukuba unomoya ongavumelaniyo noKuya, ingathini ukuba nguMthunywa woMyalezo? Kuphela nguMqondiso oyakuWazisa. Amen.

160 Ndiziva ndisenkolweni. Ndinjalo ngenene. Ndiziva ngathi ndingabhabha ndimke kanye ngoku, kuba ndiyazi Lowo ndimkholelweyo, kwaye ndibubonile ubomi bam bubandakanyiwe naYe eluvukweni Lwakhe. UBukhona Bakhe



bulapha. Bamkeleni Bona, zihlobo, ncedani nikwamkele, emazantsi entliziyu yenu.

<sup>161</sup> Ndiyazi siyenyuka sonke size esiguqweni sithandaze. Oko luluvo oludala lobuWisile. Abazange bakwenze oko eBhayibhileni. IBhayibhile ithe, “Njengoko abaninzi bakholwayo babhaptizwa.” Injalo lonto. Akukho nto inje ngokubizela esiguqweni eBhayibhileni. Yinto ethile esiyongezeleleyo, ntoleyo ilungileyo. Nantoni na uThixo ayisikeleleyo, yonke ilungile.

<sup>162</sup> Njengoko bethambisa amalaphu. Akuzange kubekho nto injalo eBhayibhileni. “Bathatha ukusuka emzimbeni kaPawulos iitshefu nemibhinqo.”

<sup>163</sup> Kodwa nayiphi indlela enifuna ukuyenza ngayo, ilungile, esitulweni sakho, esiguqweni, naphina apho ikhoyo. Kuphela kwento, qaba Okuya, uMqondiso kuwe. Ngoko zijonge, kwaye ujonge hlobo luni lobomi olwenzekayo, bona ukuba Uqatywe okanye hayi. Ukuba awuqatywanga, ngoko beka yonke onayo, ecaleni, uze ubuyele, de uMqondiso uqatywe.

<sup>164</sup> Masithandazeni. Bawo waseZulwini, mhlawumbi ndi—ndi—ndithethe ngokungxama, kodwa, Nkosi, sizakubamba njani isikhonkwana ude usigobe? Ndiyathandaza, Bawo, ukuba siyakugotywa entliziyweni yabantu, ukuba babone ukuba asiyonto ilungisiweyo. Asikuko ukuba ndizama ukuchaza eminye imibutho, elinye iqela, olunye unqulomntu, umntu othile, okanye isiqu sam, okanye nabani ongomnye. NguYesu Kristu. “Ndiyakuwagalela onke loo mahlelo adibane,” asisithandathu sokunye nasiqingatha seshumi elinesibini sokungokunye, ngokweLizwi Lakho. “Elidala ihenyukazi lomama,” iBhayibhile kwiSityihilelo 17, “yayingunina walo lonke emahenywini.” Kwaye ayengenakuba yindoda. Ayengamahenyukazi, kwaye onke aya emandlalweni wobuhlabathi. Kwaye siyayibona yenzekile, amaPentekoste nako konke.

<sup>165</sup> Kodwa, Yesu, Usahleli unguYesu. Benze bangaphulaphuli kumyalezo wecawa; kodwa uMyalezo kaKristu, iLizwi. Wanga Ungazazisa Wena, Nkosi, namhlanje, kunye namakholwa. Philisa abagulayo. Xolela izono zethu, Nkosi. Ndi—ndiyathandaza, njengesicaka Sakho, nceda xolela izono zam, kwaye uxolele izono zaba bantu. Ndiyathemba, Nkosi. Ngamnye kubo akukho nantandabuzo ekuncedeni kwiminikelo, ukuhlawulela i—izakhiwo, kwaye basebenzise imali yabo, kwaye be—be—benze yonke into, Nkosi. Owu Thixo, ndiyathandaza ukuba akusayi kubakho namnye wabo uyakuyiphosa, Nkosi. Yanga nonke.

<sup>166</sup> Nde—ndenza oko ngokunyaniseka, kwaye nangoko, Nkosi, kufanele ubengqwabalala. Siyazi, ukulungisa luthando. Uthando luyalungisa. Kwaye ndiyathandaza. Kuba oko sisizathu

sokuba Ulungise abantu Bakho, ngokuba Wabathanda, kwaye sonke isono kufanele siphendulelwe.

<sup>167</sup> Kwaye, Bawo, ndiyathandaza ukuba Uxolele izono zethu ngoku, njengoko sizivuma. Sibhadulele kude kakhulu, Nkosi. Ndibandakanywa naba bantu bangamaPentekoste, Nkosi. Ndi—ndingomnye wabo. Kwaye ndi—ndiyathandaza, Thixo, ukuba Uyakusixolela sonke. Kwaye uthathe ezinye zezi nkokheli uziguqule, kwaye—kwaye uzenze zijonge ngaseKalvari phaya kube kanye, kwaye emva koko ziyakulibala malunga noko zimele ukuba kuko, umphathi-befundisi okanye ubhishopu, okanye nantoni enokuba yiyo, kwaye bazi ukuba asingabo abathile abakhulu ebuKumkanini. Singabantwana bakaThixo sonke. Ndiyathandaza ukuba Uyakusinceda ngoku. Zazise Wena phakathi kwethu, namhlanje. Sicela eGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>168</sup> Ngoku nje phambi kokuba siqale umgca wokuthandazela, kungakho umntu othile apha ongazange abe lapha ngaphambili. Andiyazi ukuba ungubani, kodwa uThixo uyakwazi. Ukuba bendikuxele iNyaniso, uThixo makayazise, okokuba yiNyaniso okanye hayi, eso sisiqinisekiso sayo. Ukuba Uvukile kwabafileyo, Isenguye izolo, namhlanje, naphakade. Utshilo kuYohane 14:12, “Lowo ukholwayo,” hayi lowo ulikholwa lokuzenzisa. “Lowo ukholwayo kuM, imisebenzi eNdiyenzayo uyakuyenza naye.” Ingaba kunjalo?

<sup>169</sup> Umntu othile wathi, “Emikhulu uyakuyenza.” Injalo lonto. Wathi, “Kuhle, sishumayela iVangeli, oko kukhulu kakhulu.”

<sup>170</sup> Yenza nje izinto Awazenzayo, oko kuyakuyiqinisekisa kum, yabona, emva koko siyakuthetha ngokona kukhulu. Ndingakubonisa izinto ezinkulu kakhulu Azenzayo ngoku kunezo Wazenzayo ngelixa Wayesemhlabeni, kwaye oko asikokushumayela nje iVangeli, nakubeni kunjalo; oko kukwimqondiso nemimangalis. Akukho xesha layo. Kholwa nje. Kwaye wanga uThixo waseZulwini, Owavusa uYesu Kristu ekufeni, kwaye waMbonakalisa apha ephilile, kuthi, emva kwamawaka amabini eminyaka, esazisa loMyalezo, okokuba Ulungile. UMqondiso ufanele uqatywe.

<sup>171</sup> Ngoku, nina banezifo neengxaki, thandazani, nje ngokunyaniseka nithi, “Nkosi, ndiyakholwa ukuba ‘UnguMbingeleli Omkhulu onokuchukunyiswa ziimvakalelo zezilwelwe zethu.’ Kwaye siyaxelwa ngulo mlungiseleli apha, okokuba Unathi, ukhona, ngoko ndifuna Wena ubekho kunye nathi kwaye Uzazise.” Ngoku thandazani, nonke ngabanye kuni.

<sup>172</sup> Ngoku kuxhomekeke kuThixo ukuba atsho okuthile. Elinjani ixesha! Owu, bethu! Ndinqwenela beningazi into ethile nje, indlela ovakalelwa ngayo xa Okuya kufika, ihlabathi lonke lelakho. Amen. Akukho demoni elizakwenza nanto, liyinto

eyoyisiweyo. INkosi yam ikhona. Konke kusezandleni zethu. Amen.

Ncedani zolani ngenene. Sanukuhamba. Hlalani ningashukumi.

<sup>173</sup> Nina bakwizitulo zamavili, nezinto, sanukucinga anincedakali. Kholwani. Wena—wena, uhambile ngemigca yokuthandazelwa, kwaye usilelisiwe wasilelisiwa. Ibengengomlungiseleli ebekuthandazela, osileleyo. Lukholo lwakho, kwaye uqalisile ukucinga ukuba akuzukwenza nto. Ukhohle.

<sup>174</sup> Apha, naku ukuKhanya apha, phezu kwenenekazi elintsundu lihleli ngasemva apha, limile linezandla zalo phezulu ngolu *hlobo*. Ehe. Ubuthandaza. Ehe. Uyandikholelwa ukuba ndinguprofeti Wakhe, okanye isicaka Sakhe? Mandingakutsho oko, kuba iyabakhubekisa abantu kakhulu. Ninelungileyo. . .

<sup>175</sup> Apha nantsi indoda emhlophe, umfazi ontsundu, njengoko kwakunjalo iNkosi yethu nomfazi equleni, iintlanga ezimbini ezahlukeneyo. Wabenza bazi ukuba akukho mahluko ezintlangeni. Imibala yethu ayinanto yakwenza nayo. Sonke si. . . Singanikana omnye nomnye igazi. UThixo wenze, ngegazi elinye, zonke izizwe.

<sup>176</sup> Uneentloko ezibuhlungu, iintloko ezibuhlungu kakhulu. Ngoko unomthwalo entliziyweni yakho, ingalamntwana. Kwaye wena. . . Ucinezelekile. [Udade uthi, “Amen.”—Mhl.] Injalo ngqo. Ingaba yinyani? [“Amen.”] Injalo.

<sup>177</sup> Eli nenekazi ngapho ukusuka kuwe apho, likhangaleka libandakanywe nawe, lingumama wakho. [Udade uthi, “Amen.”—Mhl.] Injalo. [“Makabongwe uThixo!”] Kwaye unento engalunganga malunga naye.

<sup>178</sup> Uyandikholelwa, nenekazi? [Unina uthi, “Amen.”—Mhl.] Wenza njalo? Ingxaki yakho ivisa kabuhlungu ecaleni lakho. Injalo. Licala lakho lasekunene elibuhlungu. Ingaba injalo? Phakamisa isandla sakho, ukuba oko kunjalo. Ayizukuhlupha kwakhona. Uyakholwa (ukuba) uThixo angandixelela ungubani? Nksk. Lowell. [“Amen.”] Injalo. [“Amen.”] Kulungile, hamba indlela yakho, iNkosi uYesu ikunikile isicelo sakho.

<sup>179</sup> Kanye ekupheleni kwaphaya lelinye inenekazi elincinci elintsundu lihleli, lijongile, oko nje—oko nje kufana nokulikrazula libe ziziqwenga. Lijonga kanye ngqo kum. Liyayikholelwa. Oko, aniyiboni laa Nto kanye phaya ngakulo? Lihlutshwa yingxaki yezintso. Injalo lonto. Iphelile ngoku; Ukuphilisile. Amen.

<sup>180</sup> Kutheni ningakholwa? “Ukuba unokukholwa, zonke izinto zinokwenzeka.” Niyayikholwa lonto? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Apha li. . . Jonga kubantu abantsundu! Luphi ukholo lwenu, bakuthi abamhlophe?

<sup>181</sup> Apha linenekazi elintsundu lihleli kanye apha, lijonge ngqo kum, uhlobo lelikhulu inenekazi. Linengxaki nedolo lalo. Kananjalo linengxaki, linengxaki yentliziyo. Ehe. Kwaye linobuthakathaka, ukungcangcazela nezinto ezinjalo, ingakumbi xa uzama ukulala phantsi, uyafuthaniseleka. Yabona? Yenzekile phezolo. Khumbula, andifundi ngqondo yakho, kodwa ndiyazi okuthandazeleyo. Ubufune ukubizwa ngoku, namhlanje, kwaye Ukuphendule. Ngoku akukwazi nokuphakama, kuba uqaqanjelwa ngamathambo. Injalo lonto. Kwaye ngoko, enye into, unengxaki yesisu, ntoleyo isisihluma ngaphakathi esiswini. Leyo yinyaniso. Ngoku uyandikholelwa ukuba ndingumprofeti Wakhe? Ndiyakuyitsho, nakanjani. Kholwa, kwaye uyakuphiliswa.

<sup>182</sup> Malunga naphi nengxaki *yakho* yesisu? Uyakholwa ukuba uThixo uyakuyiphilisa ingxaki yakho yesisu, uhleli phaya, nawe? Uyayikholwa? Kulungile, ngoko ungayifumana impiliso yakho yesisu. Amen.

<sup>183</sup> Ufuna ukuyeka ukutshaya, apho, nenekazi? Uyakholwa uThixo uyakwenza uyeke ukutshaya? Ubuzama ixesha elide. Unengxaki yesisu, kananjalo; ubuzama ukuyeka imidiza. Yilonto eyenza ingxaki yakho yesisu. Unganikezela ngayo? Ndiyayichasa kuwe, eGameni lika Yesu Kristu, ngenxa yokholo lwakho lokuMchukumisa.

Ndikucela umngeni ukuba ukholwe uThixo!

<sup>184</sup> Apha ngumfazi omncinci ehleli ethandazela owakhe... othandekayo osesibhedlele, esifa, ngumhlanza. Injalo. Ngumalume. Injalo lonto. Usenokuba... Ungumfazi womshumayeli. Uyakholwa ngentliziyo yakho yonke, indoda iyakuphila.

<sup>185</sup> Ndikucela umngeni ukuba ukholwe uThixo! Yintoni leyo? Ukwaziswa, laa Yesu Kristu. Uthi, "Yintoni uKristu?"

<sup>186</sup> UliLizwi. "Ekuqalekeni wayekho uLizwi, uLizwi wayekuThixo. Kwaye uLizwi wenziwa inyama wahlala phakathi kwethu." "ILizwi libukhali ngaphezu kwekrele elintlangothi-mbini, umcaluli weengcingane nezicamango zentliziyo." Akuliboni iLizwi ukuba lize phakathi kwethu kwimihla yokugqibela? NguMoya oyiNgcwele ethabatha iLizwi likaThixo kwaye ebonakalisa uYesu Kristu, ntoleyo inguMqondiso. Amen. Ingaba niyakholwa? [IBandla lithi, "Amen."—Mhl.]

<sup>187</sup> Bangaphi abanamakhadi okuthandazelwa? Mabathi bonke kweli cala abanamakhadi okuthandazelwa, baphakame kulomgca ngapha. Yimani nje, nonke kwela cala, nje ela cala malime emigceni. Hayi, nje kwimigca yesandla sasekunene, ncedani, kanye phaya. Balungisi-bantu, yiyani endaweni yenu. Emva koko xa bedlula, niphakamise abanye, emva kokuba bedlulile, emva koko niyiguququle ngelinye icala. Ngoku makathi wonke umntu ahloniphe.

188 UMoya oyiNgcwele uwuthabathele kuye umhlangano, ke kubekho okwaneleyo obekuthethiwe nokwenziweyo ukubonakalisa. Bangaphi abakholelwayo ukuba Ulapha? Bangaphi abakholelwayo ukuba oko nguMqondiso? Bangaphi abakholelwayo ukuba liLizwi? [IBandla liyaqalisa ukuvuka—Mhl.] Jonga, bangaphi abaziyo ukuba iNcwadi yamaHebhere itshilo, ukuba, “iLizwi likaThixo licalula iingcingane ezisentliziweni”? Bangaphi abayaziyo lonto? Bangaphi abayaziyo ukuba eso sisizathu uYesu wayenokucalula iingcingane entliziweni yabo, ngokuba WayeliLizwi? Bangaphi abakukholelwayo oko? Bangaphi abakholelwayo ukuba oko koko kwakunabaprofeti? Babengabo iLizwi leza kubo. Ngoku ukuba iLizwi libuyela kuthi, aLinakwenza into ekwanye? Ngoko lingathini iLizwi elolatha iLizwi, libe leliphosakeleyo ngeliLizwi? Owu, itarhu! Hlonipha!

189 Hey, eli nenekazi lihleli apha, linento entliziweni yalo, nalo. Kwenzekile nje ndijike ndiyibambe. Asinguwe Nksk. Grant? Andizange ndakwazi oko. Kodwa unguNksk. Grant, kuba ndikubona nayo. Unobuphakuphaku obukuhluphayo. Unaye, unyana wakho unento engenye. . . igazi lakhe, ngahlobo, liyathontsiza. Ndikucela umngeni ukuba ukholwe! Amen. ULichule lemeko. ULichule lokufa.

Masithandaze.

190 Nkosi Yesu, ngelixa Ubukho Bakho busithambisa, apha kwesi sakhiwo, kwaye siyazi lona nguMoya oyiNgcwele, ndiyathandaza, Nkosi, ukuba Uyakuphilisa wonke umntu onxiba ezitshefu.

191 Ngelinye ixesha, siyafundiswa eBhayibhileni, ukuba abantu Bakho, kanye emsebenzini, babenqumla uLwandle oluBomvu, laze ulwandle laxaba endleleni yabo, endleleni yabo eya kumhlaba wesithembiso. UThixo wakhangela ezantsi ngeNtsika yoMlilo, ngamehlo anomsindo, lwaza ulwandle loyika, labuya umva, waza uSirayeli wahambela kumhlaba wesithembiso, kanye emsebenzini.

192 Owu Nkosi Thixo, makathi amehlo Akho ajonge ngeGazi likaYesu Kristu, ezantsi kuloMqondiso apha esiwubambileyo phezu kwezi tshefu namhlanje. Kwaye wanga wonke ubani onxiba ezi, zanga izigulo zingoyika, yanga ingabuyela emva iyeke abantu Bakho bawelele kwisithembiso sempilo entle. “Umthandazo wokholo uyakusindisa ogulayo.” EGameni likaYesu Kristu, kwanga kungabanjalo. Amen.

193 Bangaphi abashumayeli bamaWisile abakholelwayo abalapha, abashumayeli bamaBhaptizi, abashumayeli bamaRhabe, abashumayeli bamaBhaptizi, amaLutere, okanye amaPentekoste? Bangaphi kuni abayikholelwayo Lena ukuba yiNyani? Yizani apha nime ngakum ngelixa sithandazela

abagulayo ngoko. Nyukelani apha, nonke nina bashumayeli abakholwayo.

<sup>194</sup> Ilungile, ayinjalo? Mzalwana uGrant, oko kulungile? [[UMzalwana uGrant uthi, “Ngokuqinisekileyo.”—Mhl.] Uhuh.

<sup>195</sup> Yehlela apha, mzalwana. UMzalwana uGrant unolungiselelo lokuthandazela abagulayo. Igorha lendoda, indoda elungileyo, indoda eviwayo nguThixo nephendulwayo, uMzalwana uGrant. Ndiyavuya ukubeka ingalo yam kuye ndikutsho oko, nomzalwana wam. Ngoku uzakubasezantsi apha ethandaza nam.

<sup>196</sup> Xa udlula kulo mgca, kanye nje ngokuba ubusiza phantsi komnqamlezo. Mzalwana, yenza umgca ophindwe kabini kanye apha, kanye apha. Yenza umgca ophindwe kabini; abanye phezulu apha, abanye ezantsi apha.

<sup>197</sup> Mzalwana uRoy Borders, undawoni? Mzalwana uRoy Borders, bendicinga ulapha. [Umntu othile uthi, “Uzakubuya.”—Mhl.]

<sup>198</sup> Jongani apha, kubalungiseleli, ningakwenza! Jongani khona phaya. Oko kundenza ndizive kamnandi, bazalwana. Abalungiseleli bomnqamlezo, amadoda ame apha ukuzibandakanya kunye noMyalezo. Yintoni enokwenzeka?

<sup>199</sup> Ngoku, jonga, sukuyiyekela kubalungiseleli ngoku. Bazile ukuzakuzibandakanya. Xa ugqitha apha, ziband-... bamba uMqondiso phambi kwakho, “Nkosi Yesu, ndizivumile izono zam. Imbuyiselo, Undinike ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Ndiyimveliso ethengiweyo. Isono, ukugula okanye kwanto enokundibamba ukusuka apha ukuqhubeka. Ndihamba kakuhle.” Bamba oko, owu, phambi kwakho, uze ugqithe khona apha, kwaye uThixo uyakukuphilisa kwaye uyakuphuma apha uvuya, wonwabile, kwaye uphilile. Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.]

<sup>200</sup> Ngoku mntu ngamnye apha, masiqubude iintloko zethu, bazalwana, ngelixa sisonke. Asazi okuzakwenzeka. Asazi nje. Akukho nasinye isizathu sakhe nabani ogulayo ukuba ashiye esi sakhiwo ngale mvakwemini. Bamba laMqondiso entliziyweni yakho, gqitha ngalo mgca wokuthandazelwa; apho abalungiseleli, abangwalise impilo zabo ukwenzela i—inkonzo, bazakuma apha, babeke ezandla zabo phezu kwenu njengoko nigqitha.

Uthi, “Kutheni ukwenzile oko, Mzalwana uBranham?”

<sup>201</sup> Ndifuna nina, wonke ubani, ukuba azi nje... Andingomphilisi. La madoda anelungelo lokuthandazela abagulayo njengaye nabani na. Ngokuphandle, ndiyakholwa uThixo uyakuphendula imithandazo yawo phambi kokuba Apendule owam. Ndidiniwe kwaye ndiphelile, nayo yonke

into. Ndi—ndiyakholwa ukuba Uyakuphendula imithandazo yawo. Kwaye apha bame kanye embindini wayo, ukuzazisa, engenazintloni ukuthatha indawo yawo. Ndiyawakuncoma amadoda anjalo.

<sup>202</sup> Ngoku, bazalwana, ndiyazazi imvakalelo zenu. Ndi, ndingomnye wenu. Ndingulowo uthungele umnatha wakhe neyenu, phandle apha eTexas, ukuzama ukubambisa nganye yentlanzi athe uThixo wazanyulela uBomi, phandle phaya. Ndenza konke okungcono kwam. Ndinani, ikhulu leepesenti. Ngamanye amaxesha ndiyangxolisa ndikhuze malunga nemibutho nezinto. Oko akuthethi ukuba ndichasene nani, mzalwana wam. Ndithetha ukuba ndichasene nenkqubo eyakusahlula ekubeni ngabazalwana, ngenxa yemfundiso ezithile zeenkolo. Singabazalwana ngobhaptizo loMoya oyiNgcwele. Sibambe uMqondiso omnye. Samkele iGazi elinye, ke masikholwe koko. Singadibana Phaya (asinakudibana?), bazalwana, wonke ngamnye kuthi phantsi kweGazi.

<sup>203</sup> Ngoku, ndabekwa njengomBhaptizi. Mhlawumbi ungumWisile, okanye mLutere, okanye umRhabe, mPentekoste, woBunye, buBini, siThathu, okanye nantoni onayo, Bandla likaThixo, nantoni eyiyiyo. Oko akwenzi namnye umahluko. Asinakuvumelana kwezo zinto zincinci, masilibale ngazo ke ngoko.

<sup>204</sup> Into esinokuvumelana ngayo, yokuba uYesu Kristu uMsindisi wethu wafela izono zethu, wavuka kwakhona waze wasinika uMqondiso. Simi apha nemithandazo yethu, ukuze sibambe phezu kwaba bazalwana noodade abagulayo abagqitha kulo mgca. Ndizakuyikholwa ngentliziyo yam yonke.

<sup>205</sup> Ndibone into isenzeka kanye ngoko. Amen. Ndiyazi nicinga ndiphambene, kodwa ndiziva ndiphambene kamnandi. Ndiyathemba nje ndingahlala ngale ndlela. Ewe, mhlekazi. Ndiziva ndimnandi ngale ndlela.

Masithandaze.

<sup>206</sup> Nkosi Yesu, ndiyaphuma kweli qonga, ezantsi apha, ukuzibandakanya naba bazalwana. Ndizibandakanya kunye nabo, njengoko sonke sibambe iMiqondiso yethu ezandleni zethu, nasezintliziyweni zethu. Njengoko sithobela umyalelo Wakho, “wokubeka izandla phezu kwabagulayo, kwaye bayakuphila.” Wanga wonke ubani ogqitha apha, aveze uMqondiso wakhe, wokuba bamkele uMoya oyiNgcwele, wokuba ngabantwana bakaThixo abazelwe ngokutsha, wokuba bayayikholelwa ngentliziyo yabo yonke. Kwaye njengoko begqitha, banga bangasiqalekisa esa sifo nenkxwaleko yemizimba yabo. Kwaye banga bangahamba baphume apha bevuya, besazi ukuba ukholo lwabo lubaphilisile.

<sup>207</sup> Kwaye, Nkosi Thixo, njengoko sibeke, iTestamente Endala, izandla zethu phezu kwedini, ukuzibandakanya kunye nedini,

sibeka izandla zethu phezu koYesu kwaye sizibandakanya kunye naYe. Ubeke izandla Zakhe phezu kwethu ngoku kulungiselelo, ezazisa Yena kunye nathi, ngemiqondiso nezimanga. Kwaye sibeka izandla zethu phezu kwabagulayo, ukuzazisa kunye nabo, ngokholo lwethu luqhagamshelene nabo. Ukugula kufanele kumke, kwaye kwanga kungenzeka eGameni likaYesu Kristu, njengoko sisihla apha ukuya kuyamkela.

Malithandaze lonke ibandla.

<sup>208</sup> Roy okanye umntu othile yiza apha ume ngakulomboko, uze ugcine imigca ithe ngqo.

<sup>209</sup> Jonga, njengoko ugqitha apha ngoku, yiza ukholwa, yiza uthandaza. Sizakubeka nje izandla kwabagulayo. Yiza kanye ngqo. Thandaza. Xa ugqitha ngomgca waba balungiseleli; ukuba uhamba ngeentonga, zibeke phantsi umke. Ukuba unomhlaza, isigulo, yithi, “Ugqirha wenze konke anokwenza, ukwenzile konke anokwenza, kwaye uthe ndizakufanela ndife. Andizukufa. Nanku uMqondiso wam, Nkosi. Undithembise amashumi asixhenxe. Ndihamba ukudlula ngqo apha, ndiyenza.” Yabona, yenza oko. Uyakuyenza? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] EGameni likaYesu, kwanga kungabanjalo. Amen.

<sup>210</sup> Kulungile, mawuze udlule umgca. [UMzalwana uBranham nabalungiseleli bathandazela abagulayo, njengoko umzalwana ekhokela ibandla ekuculeni u-*Kholwa Kuphela* nezinye iingoma. Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

Ndiyakholwa!

Zonke iintandabuzo zam zingcwatywe  
eChibini.

<sup>211</sup> Niyayikholelwa? [IBandla lithi, “Amen.”—Mhl.] Amen. Owu, ingaba Akamangalisi? [“Amen.”] Abanye babo bebekwabomandlalo nakumakhuko, baphakamile baza bemka bahamba; bazishiya nje zilele phaya, bahamba bemka. Owu, kunguye wonke ubani onokuphiliswa ngoku, oyakuyikholwa. Niyakholwa? [“Amen.”]

<sup>212</sup> Masinike isandi ngoma, *NdiyaMthanda*, ungayenza, dade; ingoma endala, “NdiyaMthanda, NdiyaMthanda ngokuba . . .”? Masiphakamiseni amazwi ethu sonke, nezandla zethu, iintliziyo zethu, kuThixo, sicule, “NdiyaMthanda, NdiyaMthanda, ngokuba Wandithanda kuqala.” Wonke umntu ngoku.

NdiyaMthanda, NdiyaMthanda  
Ngokuba Wandithanda kuqala  
Kwaye wathenga usindiso lwam  
EKalv- . . .

<sup>213</sup> Inenekazi, liphakamile lisukile kwisitulo samavili, lihamba linqumla apha ngoncedo lwamadoda amabini. “Ndi . . .” Masiwangazelisele izandla zethu kuThixo, “NdiyaMthanda!”



NdiyaMthanda  
 Ngokuba Wandithanda kuqala  
 Kwaye wathenga usindiso lwam  
 Ekalv- . . .

MasiMdumiseni nje ngoku, wonke umntu!

<sup>214</sup> Uzuko kuThixo! Indlela esikubulela ngayo Wena, Nkosi Yesu, ngokulunga Kwakho, Ubukhona Bakho. Owu, siyakubulela Wena ngoMqondiso, Nkosi. Sisindisiwe kwaye sizaliswe ngoMoya, uMoya oyiNgcwele uphokokela emizimbeni yethu ngoku. Indlela esikubulela ngayo Wena ngoku, Bawo! Owu, eGameni likaYesu siyakubulela Wena. Amen. Amen.

<sup>215</sup> Wonke ubani makaxhawule izandla, athi, “Mayibongwe iNkosi!” Xhawula isandla omnye nomnye, uthi, “Mayibongwe iNkosi! Mayibongwe iNkosi!” (. . .? . . .) Kulungile, ngoku, sonke ngokuhlangeneyo kwakhona.

NdiyaMthanda, (izandla phezulu, iintliziyo phezulu) Ndi . . . (zivakalise nje ngokusuka entliziyweni yakho)  
 Ngokuba Wandithanda kuqala  
 (Uzakundulula?)  
 Wathenga usindiso lwam  
 Emthini weKalvari.

<sup>216</sup> Ngoku masithobiseni iintloko zethu ngembekokazi, njengoko ndinikezela le nkonzo ngoku kuMzalwana uGrant ukwenzela ukusindulula; ndibulela ngamnye kuni. Kuqala, ndibulela iNkosi ngokulunga kwaYo, inceba yaYo, nengqiniseko endithembayo ukuba siyishiyile entliziyweni yenu, yokuba asikho apha sedwa. Umphathi wethu Omkhulu uphakathi kwethu. Indanduluko yeKumkani iseminqubeni. Kwaye sibulela iNkosi, ukubona amandla aYo amakhulu nenceba yaYo enkulu. Kwaye ngoku masithobiseni iintloko zethu ngentlonipho. Mzalwana uGrant.



*UMQONDISO* XHO64-0308  
(The Token)

Lo Myalezo kaMzalwana uWilliam Marrion Branham waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi emva kwemini ngeCawa, ngoMatshi we-8, ngowe 1964 e Soul's Harbor Temple eDallas, Texas, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yiVoice Of God Recordings.

XHOSA

©2019 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. BOX 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)